



URhulumente  
weNtshona Koloni

UPhuhliso loLuntu

# Ingxelo Yonyaka ka-2019/20



**Western Cape  
Government**

Social Development

**BETTER TOGETHER.**

**ISebe loPhuhliso loLuntu  
kwiPhondo leNtshona Koloni  
INgxelo yoNyaka  
yoNyaka-mali wama-2019/2020  
(Ivoti 07)**

## Isilandulo

- Ingxelo yesiNgesi yale Ngxelo yoNyaka ithatyathwa njengesicatshulwa esisemthethweni IsiBhulu kunye nesiXhosa solu bhengezo ziyafumaneka xa ziceliwe.
- ISebe alisayi kubekwa tyala ngeenkcazelo ezingezizo ezinokuthi zenzeke kwinkqubo yolu guqulelo.
- Ukuba ngaba kungakho uguqulelo olungelulo olunokuthi lwenzeke lolu xwebhu, ingxelo yesiNgesi njengolwimni lwesiseko yiyo eya kusebenza.
- Le Ngxelo yoNyaka yaqulunqwa liCandelo eliyiNtloko loCwangciso loShishino neQhinga leSebe loPhuhliso lweNtloko.

**Okuqulathiweyo**

**ICandelo**

ICandelo A: INgcaciso Ngokubanzi ..... 5

INGcaciso ngokuBanzi yeSebe ..... 5

Izishunqulelo neZifinyezo ..... 6

IMbula-mbethe eyenziwa nguMphathiswa..... 8

INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo ..... 10

INgxelo yoXanduva neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka ..... 26

ICandelo B: INgcaciso yokuSebenza ..... 37

1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi: liNjongo eziMiselwe kwaNgphambili ..... 37

2. UVavanyo ngokuBanzi lokuSebenza kweSebe ..... 37

2.1 UBume bokuNikezelwa kweNkonzo ..... 37

2.2 IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo ..... 40

2.3 Ubume boMbutho..... 70

2.4 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo okungundoqo kunye neengingqi kumthetho ..... 72

3. liNjongo zeQhinga eziJoliswe kuMphumela ..... 73

INGcaciso yokuSebenza ngokweNkqubo ..... 77

3.1 INkqubo 1: ULawulo ..... 77

3.2 INkqubo 2: liNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu ..... 81

3.3 INkqubo 3: Abantwana neeNtsapho ..... 88

3.4 INkqubo 4: liNkonzo zokuBuyiselwa kwimo yangaphambili..... 101

3.5 INkqubo 5: Uphuhliso noPhando ..... 109

4. liNtlawulo eziKhutshelweyo ..... 118

4.1 liNtlawulo ezikhutshelweyo kumaziko karhulumente ..... 118

4.2 lintlawulo ezikhutshelweyo kuyo yonke imibutho engeyiyo amaziko karhulumente ... 118

5. IMinikelo eneMiqathango ..... 118

5.1 Iminikelo enemiqathango kunye nokuhlulwa kweengxowa-mali ezichongiweyo 118

5.2 Iminikelo enemiqathango kunye neengxowa-mali ezichongiweyo ezifunyenweyo.. 118

6. Iingxowa-mali zomnikeli..... 121

7. Utyalo-mali lwenkunzi..... 121

7.1 Utyalo-mali lwenkunzi, ulolongo kunye nesicwangciso solawulo lwe-asethi..... 121

ICandelo C: ULawulo..... 125

1. Intshayelelo ..... 125

2. ULawulo loMngcipheko ..... 125

3. Ubuqhophololo noRhwaphilizo ..... 128

4. Ukuncitshiswa koNgqzulwano loMdla ..... 129

5. Indlela yokuZiphatha ..... 131

6. Imiba yeMpilo, yoKhuseleko neNdalo ..... 131

7. IiKomiti zasePalamente..... 132

8. IziGqibo zeKomiti eSigxina ngee-Akhawunti zikaRhulumente (SCOPA) ..... 135

9. UkuLungiswa kwaNgaphambili kwiNgxelo zoPhicotho-zincwadi (2019/20) ..... 137

10. IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi..... 137

11. Uphicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunye neeKomiti zoPhicotho ..... 138

12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi ..... 140

13. INgcaciso yokuSebenza koHambelwano lweB-BBEE ..... 142

ISahlulo D: ULawulo lwaBasebenzi .....	143
1. Intshayelelo .....	143
2. Isimo soLawulo lwaBantu kweli Sebe .....	143
OkuPhambili kwiSebe kuCwangciso lwaBasebenzi .....	143
ULawulo lokuSebenza kwaBasebenzi.....	144
IMpilo-ntle yaBasebenzi.....	144
UkuBekwa kweLiso kuLawulo lwaBantu .....	144
3. IiNkcukacha zaManani oloNgamelo loLawulo lwaBantu .....	145
3.1 Inkcitho enxulumene nabasebenzi.....	145
3.2 Ingqesho neziKhewu kwiNgqesho .....	148
3.3 UVavanyo lweZikhundla .....	150
3.4 Iinguqu kwiNgqesho .....	152
3.5 UBulungisa eNgqeshweni.....	157
3.6 Ukutyikitywa kweZivumelwano zokuSebenza ngaMalungu eSMS .....	165
3.7 UkuZaliswa kweZithuba zeSMS .....	165
3.8 UkuSebenza koMqeshwa .....	167
3.9 ABasebenzi bamanye aMazwe .....	171
3.10 Ukusetyenziswa kweKhefu kwisithuba esisusela ngomhla woku-1 kuJanyuwari wama-2019 ukuya kutsho ngomhla wama-31 kuDisemba wama-2019 .....	173
3.11 IiNkqubo zokuKhuthazwa kweMpilo kubandakanywa iHIV kunye ne-AIDS .....	177
3.12 UBudlelwane beNgqesho .....	181
3.13 UPhuhliso lwezakhono.....	183
3.14 Ukwenzakala eMsebenzini .....	185
3.15 Ukusetyenziswa kweNgcali zaNgaphandle .....	186
Isigaba E: Iinkcukacha Ezingemali .....	189
Iziko loKhathalelo lwaBantwana noLutsha .....	190
Isihlomelo A: Iintlawulo ezisiwa kuyo yonke imibutho engengawo amaqumrhu .....	190
ombuso.....	190
Isihlomelo B: Iinkcukacha zoqhakamshelo.....	190

## ICandelo A: INgcaciso Ngokubanzi

### INgcaciso ngokuBanzi yeSebe

ISebe loPhuhliso loLuntu lweNtshona Koloni

IDilesi yeNdawo: 14 Queen Victoria Street  
Cape Town 8001

IDilesi yePosi: Private Bag X9112  
Cape Town 8000

Nceda uthumele imibuzo emalunga nolu xwebhu kule dilesi:

I-imeyile: DSDBusinessPlanning@westerncape.gov.za

IMfono-mfono: (27)21-483 5121

INombolo  
engahlawulelwayo: 0800 220 250

iWebhusayiti: <http://www.westerncape.gov.za>

**PR** 259/2020

**ISBN:** 978-0-621-48683-4

**ISihloko soPapasho:** ISebe loPhuhliso loLuntu lweNtshona Koloni (iVoti 07) iNgxelo yoNyaka 2019/2020

**IZishunqulelo neZifinyezo**

<b>Izishunqulelo</b>	<b>INkcazelo</b>
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
AOS	INkqubo yeGosa eliNika iNgxelo
APP	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza
ASC	ULolongo lwaseMva kokuPhuma kweSikolo
BAS	INkqubo yeSiseko yoBalo-mali
B-BBEE	UkuXhotyiswa ngokuBanzi kwaBantsundu kuQoqosho
BCP	IsiCwangciso sokuQhubeka koShishino
CBO	IMibutho esekwe kuLuntu
CCP	ULolongo lwaBantwana noKhuselo
CD	Umlawuli oyiNtloko
CGRO	UVavanyo ngokutsha koLawulo lweQumrhu neSikhokhelo
CoE	IMbuyekezo yaBasebenzi
CNDC	ISondlo soLuntu neZiko loPhuhliso
CPO	UMbutho woKhuselo lwaBantwana
CSC	IZiko leNkonzo yeQumrhu
CSD	Isizinda seeNkcukacha zaManani esiseMbindini soNikezelo
CYCC	IZiko loLolongo lwaBantwana noLutsha
DCPO	UMbutho oTyunjweyo woKhuselo lwaBantwana
DoH	ISebe lezeMpilo
DotP	ISebe leNkulumbuso
DPSA	ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo
DSD	ISebe loPhuhliso loLuntu
DTPW	ISebe loThutho neMisebenzi kaRhulumente
ECD	UPhuhliso loBuntwana lwangeThuba
EHW	IMpilo neMpilo-ntle yoMqeshwa
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
ERM	ULawulo loMngcipheko weShishini
ERMCO	IKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini
GBV	ULwaphulo-mthetho oluSekwe kwiSini
GBVCC	IZiko lokuLawula ulwaphulo-mthetho oluSekwe kwiSini
HCT	Ukucetyiswa nokuHlolwa kwe-HIV & AIDS
HoD	INtloko yeSebe
ICB	ULwakhiwo lweKhono leZiko
ICT	ITheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano
IT	ITheknoloji yeNgcaciso
IYM	Ukubekwa kweLiso lwaPhakathi eNyakeni
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba
MPAT	IsiXhobo soVavanyo loLawulo loMsebenzi
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho seSithuba esiPhakathi
MTSF	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi

<b>Izishunqulelo</b>	<b>INkcazelo</b>
M&E	Ukubekwa kweLiso noVavanyo
NDP	IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso
NDSD	ISebe leSizwe loPhuhliso loLuntu
NEET	Ayikho kwiNgqesho, kwiMfundo, kunye okanye kuQeqesho
NPA	UGunyaziwe weSizwe wezoTshutshiso
NPO	UMbutho ongenzi nzuzo
OHSA	UMthetho weMpilo noKhuselo eNgqeshweni
PCFF	IForam yePhondo yaBantwana neeNtsapho
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente
QPR	Iingxelo zarhoqo ngekota zeNkqubela-phambili
PPE	IziXhobo zoKhuseleko loMntu
PSG	Iinjongo zeQhinga lePhondo
PT	ICandelo loLawulo-mali lePhondo
RWOPS	UMsebenzi oHlawulwayo oNgaphandle kweNkonzo kaRhulumente
SAW	ABasebenzi abaNcedisayo boLuntu
SW	OoNontlalo-ntle
SAPS	INkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika
SASSA	I-Arhente yoKhuseleko loLuntu yoMzantsi Afrika
SCM	ULawulo lweSixokelelwano Sonikezelo
SDA	UMmandla woNikezelo lweNkonzo
SDICMS	INkqubo yoLawulo lweSehlo esiHlangeneyo soPhuhliso loLuntu
SMS	INkonzo yoBalawuli abaPhezulu
SOP	UMgangatho weNkqubo yokuSebenza
Stats SA	Iinkcukacha zaManani zoMzantsi Afrika
TPA	ISivumelwano seNtlawulo eKhutshelweyo
VEP	INkqubo yokuXhotyiswa kweXhoba
VIP	OkuPhambili okuVuselelwe nguMbono
VOIP	Iilizwi kwiSivumelwano se-Intanethi
WCDS	ISebe leNtshona Koloni loPhuhliso loLuntu (WCDS)
WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCSD	UMthombo weNtshona Koloni weNkcukacha zaManani aBanikeli beNkonzo



## IMbula-mbethe eyenziwa nguMphathiswa

Nksk. S.G. Fernandez

UMPhathiswa wePhondo: UPuhliso loLuntu



NjengoMphathiswa weNtshona Koloni woPhuhliso loLuntu, ndiziva ndibekile okokuba ndikhokhele eli Sebe elithe lanikezela ngokufanelekileyo kwizigunyaziso zethu zomgaqo-siseko, zomthetho nezonyulo.

Umsebenzi oqhutywe liSebe loPhuhliso loLuntu (DSD) ngesithuba sokugqibela sokunikezelwa kwengxelo usekelwe kokuPhambili okuVuselelwa nguMbono (iiVIP), ezithi zinikezele ngoluhlu lweenjongo zokunikezelwa kwenkonzo ngesithuba sowama-2019-2024.

I-VIP 1 kunye ne-VIP 3 yimimandla engundoqo ekujoliswe kuko yiDSD.

**I-VIP1: Ukwakhiwa kweengingqi zoluntu ezikhuselekileyo nezilungelelanisiweyo** kuding okokuba sichonge yaye sinikezele ngenkxaso kwiintsapho ezingazinzanga kulo lonke iPhondo. Ukungasebenzi kakuhle kosapho kunxulumene nobundlobongela basekhaya, ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ukungakhathalelwa nokulahlwa kwabantwana, konke kungundoqo ekumiseleni amanqanaba aphezulu olwaphulo-mthetho, phakathi kwezinye izinto, oku kudinga okokuba:

- **Siqinise ukomelela kweentsapho kulwaphulo-mthetho:** Ukugcinwa kweyunithi zeentsapho kubalulekile ukuphucula impilo nokusebenza kakuhle kwabantwana kunye noluntu yaye kunceda ekwakheni iingingqi zoluntu ezikhuselekileyo. Iinkonzo ezithi zinikezelwe zibandakanya iinkonzo zokulungisa ulwaphulo-mthetho lwasekhaya nolusekwe kwisini, ingcebiso kwiintsapho nogenelelo, nokunyangwa kusetyenziso gwenxa lweziyobisi.
- **Siqinise ukomelela kolutsha olusemngciphekweni:** Sinenkolo yokokuba ukuba singachonga yaye silungise imingeni yemihla ngemihla yabantu abatsha, ingakumbi ulutsha "olusemngciphekweni" lwendlela yokuziphantsi engasezantsi kwelo nqanaba lamkelekileyo kuluntu, singanceda ukunciphisa ulwaphulo-mthetho kwimimandla echongiweyo yeNtshona Koloni. Kangangoko inakho, i-DSD ixhabe ngokuphelisa imiqobo ethi ithintele upuhliso lolutsha ze ibeke abantu abatsha kwindlela yentshabalalo; endaweni yoko, isebe lithanda ukomeleza nokuxhobisa bonke abantu abatsha. Siya kusebenza ngothelwano kunye namanye amasebe karhulumente ukuchonga, ukuvavanya nokuthumela ulutsha olusemngciphekweni, oluhlala kwiingingqi zoluntu ezinobundlobongela kumangenelo awodwa.
- **Ukugxila kulwaphulo-mthetho olusekwe kwisini (GBV):** Njengo Mphathiswa weNtshona Koloni oKhokhela iKhabhinethi kwi-GBV, Ndiqalise ngama-365 Days of Activism alungiselelwe ukulwa ulwaphulo-mthetho olujoliswe kumabhinqa nabantwana ngomhla we-11 kuDisemba 2019. Injongo yeli phulo kukunikezela ithuba kwabachaphazelekayo lokunxibelelana nokuthabatha inxaxheba kuqulunqo lwesicwangciso sokusebenza ukulungiselela ukulungiswa kwe-GBV kwiPhondo nokunikezela ngezindululo zendlela yokuqinisa iimpendulo kwiGBV. Ndinenkolo yokokuba kufuneka sibe nengqiqo ebanzi kunye nenkcazelo ye-GBV. I-GBV ayinakuthatyathwa nje lula njengolwaphulo-mthetho olujoliswe kumabhinqa kuphela. Amabhinqa kunye namadoda angaba ngamaxhoba olwaphulo-mthetho yaye ngoko kufuneka samkele iinkqubo ezithi zinikezele ngeenkonzo kunye nenkxaso kumaxhoba angamadoda olwaphulo-mthetho ngokunjalo neenkqubo

ezijolise kumakhwenkwana kunye nabenzi bobubi bolwaphulo-mthetho. Siqinisa indlela yethu ejolise kwi-GBV ngokuseka idesika ye-GBV kwi-ofisi yoMphathiswa.

**I-VIP 3: Ukuxhobisa aBantu:** NjengeSebe, i-VIP3 idinga okokuba sijolise iinkonzo zethu kwinkxaso nalapho kuyimfuneko, sikhusele abahluphekileyo nabasesichengeni. Kufuneka sibaxhase okokuba bafikelele kuqoqosho yaye bazimele, benosapho olulungileyo, benobudlelwane babo bezique kunye noboluntu, yaye nekhono lokuba ngabathathi-nxaxheba abasebenzayo kwiingingqi zabo zoluntu naluntu loMzantsi Afrika ngokubanzi.

Kule meko, sigunyaziswe ngoxanduva lokuqinisekisa okokuba:

- Iinkonzo zentlalo-ntle ziyafumaneka ngokulula ukunceda apho abantwana babonisa indlela yokuziphatha esemngciphekweni, okanye bachatshazelwe kukwenzakala.
- Siqinisekise ngento yokokuba iinkqubo zoPhuhliso loBuntwana kwangeThuba ziyamiliselwa, ingakumbi kwiingingqi zethu zoluntu ezihluphekileyo nezo zisesichengeni kakhulu.
- Sinikezela ngokhuseleko oludingekayo namathuba kubantu abakhubazekileyo ngeli thuba zinika ingqwalasela nenkxaso kwikhono labo lokuba zii-arhent ezisebenzayo kwimpilo-ntle yabo nophuhliso.
- Unyango namangenelo anxulumene nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi ayafumaneka.

NjengeSebe, senze imitsi ebonakalayo kummandla wokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi yaye uSihlalo weForum yeNtshona Koloni yokuSetyenziswa Gwenxa kweZinyobisi kunye nam simenywe yiWorld Federation Against Drugs okokuba sinike intetho ngokuhlengeneyo kwi-63<sup>rd</sup> United Nations Commission on Narcotic Drugs ngoMatshi wama-2020. USihlalo weForum yeNtshona Koloni yokuSetyenziswa Gwenxa kweZinyobisi wanika intetho ekunye nombutho omnye kuphela ongenzi nzala woMzantsi Afrika owawumenyelwe ukuba unike intetho.

Ububi bentlalo butshabalalisa iintsapho buze bubangele ukubandzeleka emphefumleni nokwenzakala. NjengeSebe sithathela ingqalelo isidingo sokulungisa esi simo sibalulekileyo yaye zonke iinzame zijoliswe ekufezekiseni le njongo esekelwe sisiCwangciso soKhuselo soRhulumente weNtshona Koloni.

Njengoko ndibhala le mbula-mbethe, sizifumana siphakathi kubhubhane we-COVID-19, osinyanzela okokuba sicinge ngokutsha indlela ethi i-DSD iqhube ngayo umsebenzi wayo ukuqwalasela imingeni emininzi eyahlukeneyo ebangelwe ngulo bhuhane waze wanyina kakubi ubume bezoqoqosho.

Ndinombulelo kumaqabane ethu e-NPO, kunye nayo yonke imibutho yoluntu – iinzame zenu zixatyisiwe yaye ziyathakazelelwa.

Ndithanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kuGq. Robert Macdonald, iNtloko yeSebe. Phantsi kwesikhokhelo sakhe nobunkokheli kunye nobo beqela lolawulo elinesakhono sibe nakho ukuzalisekisa isigunyaziso sethu, nangona kukho imingeni emininzi eyahlukeneyo.

Ndithanda ngokunjalo ukubulela ilungu ngalinye leqela le-DSD ngokuzinikela nangomnikelo ekusebenzeleni abemi beli phondo.



UMphathiswa wePhondo woPhuhliso loLuntu

Nksk. S.G. Fernandez

Umhla: 30 EyeDwarha 2020

## INgxelo yeGosa eliNika iNgxelo

Gq. Robert Macdonald

IGosa eliNika iNgxelo: UPhuhliso loLuntu



## Uvavanyo ngokubanzi lwemisebenzi yeSebe

Unyaka-mali wama-2019/20 ibe ngunyaka wokugqibela kumjikelo wocwangciso lweqhinga leminyaka emihlanu. Kulo nyaka iSebe libeke phambili ukuhlangatyezwa kokungundoqo okuthiwe thaca kwisicwangciso salo seqhinga, ngakumbi ngokuphathelele kwiinkonzo ezithi zikhuthaze yaye zikhusele amalungelo esiseko abantu nokufezekisa uxanduva lomthetho lweSebe. Kubuninzi bexesha lesicwangciso seqhinga iSebe belisoloko lisebenza kwisimo soqoqosho esimandundu, kwisiseko esibuthathaka semali karhulumente wesizwe, kunye nentsingiselo ebheka ezantsi kwinkxaso-mali yomnikelo kwicandelo leNPO. Kwangaxesha linye, ubume boqoqosho, kunye nokwanda okukhawulezileyo kwabemi bephondo nokwanda kobubi bentlalo, kube nomphumela wokukhula kwebango leenkonzo zeSebe.

Ngokuhambelana nesigunyaziso seSebe sokunikezelwa kololongo lwabantwana kunye neenkonzo zokhuseleko, kunyaka wama-2019/20 kubekho ukwanda kweenkqubo else zikho zokhuseleko lwabantwana, uqeqesho oluqhubekayo loonontlalo-ntle ngokunjalo nenkxaso yemali ebhekiswe kwimibutho etyunjiweyo yokhuseleko lwabantwana. Ngokuphathelelene koku kuchazwe ekugqibeleni, iSebe landise izabelo zenkxaso-mali yomntwana ngamnye kunye nenkxaso-mali yesithuba somsebenzi woluntu kwiiNPO, nokuqaliswa ngokunjalo kwenkxaso-mali yesithuba solawulo. Le nkxaso-mali yangezelelweyo yamiliselwa ukuqinisekisa ngento yokokuba ezi NPO zinakho ukunikezela ngenkxaso yolawulo efunekayo kumacandelo azo omsebenzi woluntu, ukwenzela ukususa umthwalo kumacandelo ukulungiselela ukuba agxile kumsebenzi wawo ongundoqo wololongo lwabantwana kunye nokhuselekp. Amalinge oqeqesho onyaka abandakanya amathuba oonontlalo-ntle bokhuseleko lwabantwana ekusetyenzisweni kwesiXhobo seSizwe soKhuseleko noVavanyo loMngcipheko esilungiselelwe ukuphathwa kakubi kwabantwana nokuxhatshazwa, kunye nokuqeqeshwa konoontlalo-ntle abakwicandelo leNPO kwingcebiso yokwenzakala nokubhujelwa.

Ukwandiswa kweenkqubo zokhuseleko lwabantwana kubandakanya ukufunwa, ukuhlelwa nokuqeqeshwa kwamavolontiya angezelelweyo kwinkqubo ye-Eye-on-the-Child eseMasiphumelele nase-Ocean View nokuzinziswa nokwandiswa kwenkqubo ehlangeneyo isibindi ukususela kwiindawo ezisibhozo ukuya kwezilishumi. Ulolongo lwesondlo olusemva lwalungiswa ngokumiliselwa kwenkqubo yolawulo lololongo lwesondlo ethe yaququzelela ukubekwa kololongo olutsha olwandisiweyo ngokunjalo nenkxaso noqeqesho kukhuselo nabazali bololongo lwesondlo. ISebe liqhubile ngokunjalo ngomiliselwa lwayo lwe-Uniform Referral Pathway elungiselelwe iinkonzo zokhuseleko lwabantwana. Oku kuphucula ukufaneleka kweenkonzo ezinikezelwe kubantwana abanezimilo ezingezihle kuwo onke amasebe naphakathi kwamasebe karhulumente. Ekugqibeleni, imvume enikezelwe yiKhabhinethi kunye nomiliselwa olulandeleyo lwesicwangciso seSebe sokuthintelwa kokubulawa kwabantwana noncithiso kuvulele indlela yokusabela okulungelelanisiweyo kwesi sibetho esiphakathi kwabachaphazelekayo abangundoqo abafana neNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, uBumbano boBulungisa boLwaphulo-mthetho kunye namasebe amaninzi ephondo nakamasipala. Oku kuhlangukanye nothatyo-nxaxheba oluqhubekayo lweSebe kumaqela ohlaziyo kokubhubha kwabantwana kukhawulezise amaxesha okusabela kwiimeko apho abantakwabo bexhoba lomnwana banokuba semngciphekweni.

Ukubaluleka kweenkqubo ezihlangeneyo zabantwana nosapho kwaqinisekiswa ngoSeptemba 2019 xa iSebe liququzelele ucweyo lwabo bonke abachaphazelekayo oluthe,

ngentsebenziswano, lwaphuhlisa iQhinga loKhuselo noNgenelo lwaNgethuba loRhulumente weNtshona Koloni elilungiselelwe abantwana neentsapho kwiPhondo. Eli qhinga liya kukhuthaza ukunikezelwa okwaneleyo nokusasazwa kwezi nkqubo kulo lonke iphondo nokubandakanywa kwamangenelo ajongene neenkonzokozokugcinwa kosapho, iinkqubo ezinyangayo, ngokunjalo neenkonzozongenelelo nezokuhlangukanyiswa ngokutsha – zonke zijolise ekwakheni nasekuzinziseni ukomelela kosapho. Oku kuhlangukanyiswe nomsebenzi osele ukho kwiinkqubo ezijolise kuvuselelo ngokutsha, kumanyaniso kwakhona nokuhlangukanyiswa kwabantu abadala abanganawo amakhaya kunye neentsapho zabo yaye iingingqi zoluntu lwabo abaphuma kuzo zandise ubungakanani beebkonzo zeSebe kwiintsapho ezisemngciphekweni. Ngokuphathelele koku kokugqibela kuchaziweyo, inani leebhedi ekuxhaswe ngazo kwiindawo zokhuseleko esilungiselelwe abangenawo amakhaya landiswa ngokunjalo.

Inkxaso yophuhliso lwe-ECD kunye neprojekti elingwayo yokulungela isikolo inike ingxelo yeziphumo ezilungileyo ibandakanya uphuculo olukhulu kunye nomgama wophuhliso wabantwana abathabatha inxaxheba abali-1 368. Phakathi kwezinye izinto, uphuculo lwafunyanwa ngokuphathelelene nokubala, ulawulo lokubamba kunye nomsebenzi wengqiqo yaye abantwana bafunyaniswa okokuba bakumngcipheko ophantsi kulityaziso lophuhliso. Le ndlela ipheleleyo esetyenzisiweyo kusetyenziswa le projekti ebandakanye inkxaso noncedo kubazali ngokusetyenziswa kwe-app ejikelezayo kunye nocweyo kubazali. La mangelolo aneikezele ngenkxaso ethe ngqokubazali, kubanikezeli bololongo kunye nootitshala be-ECD ngohlobo lokuqulathiweyo okuphuhliso kunye nemisebenzi ethi incede abazali kunye nabanikezeli bololongo ukulungiselela ukuqaliswa kwemisebenzi ephuhliso kumsebenzi wesiqhelo wemihla ngemihla womntwana. Ngaphezulu, abantwana abangama-7 586 baxhamle kuMnikelo oneMiqathango we-ECD, yaye amaziko e-CED abhalisiwe ngemiqathango ahlaziywa kwicandelo le-ECD lezibonelelo zoMnikelo oneMiqathango.

Inkqubo yeSebe yaBantu aBakhubazekileyo ibe nokuthenga izithuthi ezini ezilungiselelwe ngokukodwa ezikhwela abantu abali-16 ngesithuba sonyaka-mali ophantsi kovavanyo, ezixhibe ukuqinisekisa ngothutho olukhuselekileyo lwabantwana abakhubazeke ngengqondo ukuya nokubuya kumaziko ololongo olulodwa lwasemini. Ngenxa yokuvalwa ngci kwesizwe kunye nokuvalwa kwala maziko ololongo lwasemini, unikezelo lwezi zithuthi kulibazisekile yaye kuya kuqhutywa nje ukuba imithetho yokuvalwa ivume. Ngaphezulu, Ukugqitywa komsebenzi wesibonelelo kwiziko lesebe lokuhlala (Sivuyile) elilungiselelwe aBantu aBakhubazekileyo ekupheleni konyaka-mali kube nomphumela wobukho bendawo zokulala ezangezelelweyo ezingama-30 ezifumanekayo ukususela ngomhla woku-1 ku-Epreli 2020, yenza loo nto isambuku esnani leendawo zokulala kweli ziko zali-110. ISebe liqhubile ngokunjalo ngobhaliso lwalo kunye nokubekwa kweliso kumaziko okuhlala axhaswa ngemali ngngaxhaswayo kunye neenkonzokozokugcinwa ezisekwe kuluntu ezilungiselelwe abantu abadala ze landisa iindleko zeyunithi kumaziko okuhlala afanelekileyo. Ngethuba lale ngxelo, inkxaso engaphezulu iyanikezelwa kula maziko ukunceda ukumelana nobhubhane weCOVID-19, kubandakanywa nokubonelelwa ngenkxaso-mali kulungiselelwa isiXhobo soKhuseleko loMntu (PPE). inkxaso yokonga yobuchule, kunye nezivumelwano zolawulo lolwasuleleko.

Iinkqubo ezilungiselelwe ukhuselo nonyango lokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi ziqhubile ukwanda kwiSebe, ngokumanyaniswa kweenkonzo zonyango lweziyobisi kuMaziko alo akhusekileyo ololongo lwabantwana noLolongo loluTsha (iiCYCC) kunye neenkqubo zeziyobisi ezisekwe esikolweni (inkqubo yesibumbelo sabafikisayo) kwizikolo zamabanga aphezulu ezilishumi ezisemngciphekweni ophezulu kwiingingqi zoluntu zaseKuil's River, e-Eerste River, eSteenberg, eLavender Hill, eHout Bay nase-Elsies River. Ezi nkqubo ezisekwe esikolweni zinceda ekuchongweni kwangethuba kunye nenkxaso katitshala yaye ngoko kubonakaliswe ekusebenzeni kakuhle kweendlela zokuthunyelwa ezifanelekileyo ekuqinisekiseni ngento yokuba iinkonzokozokugcinwa ziyanikezelwa kubantwana abasemngciphekweni. Ukwandiswa kwekhono lonoontlalo-ntle besebe kulo msebenzi, uqeqesho lwanikezelwa kwi-Cognitive Behavioural Therapy Lifestyle Inkqubo, ngokunjalo nakumthetho wokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi kunye nezithethe nemigangatho ukulungiselela unyango lwezigulane ezisesibhedlele. Umsebenzi kwiInkqubo eFanayo yoLwamkelo olungiselelwe unyango lweziyobisi uyaqhubeka yaye uthethwano kunye namaziko axhaswa ngemali onyango lwezigulane ezisesibhedlele ngokusebenzisa gwenxa iziyobisi uyaqhutywa. Inkqubo

yokunikezelwa kwamaxabiso ofundo lovavanyo lokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi yaqakunjelwa lwaze unikezelo lokuqala – ingxelo yokuqala yamiliselwa. Uvavanyo lucwangciselwe ukuqakunjelwa ngo-Oktobha wama-2020 yaye imethodi yalo ihleliwe ukuthabathela ingqalelo ubhubhane weCOVID-19. ISebe liqukumbele ngokunjalo iimvavanyo zohambelwano ezingama-33 kuwo omabini amaziko onyango abhalisiweyo nangabhaliswanga kunye nohlolo oluli-13 lwamaziko abhalisiweyo onyango lwezigulane ezisesibhedlele. Amaziko angabhaliswanga onyango lwezigulane ezisesibhedlele afumana ngokunjalo uqeqesho kwizithethe nemigangatho echaziweyo kunye nemigangatho enxulumene nempilo ukulungiselela ukwandisa ulwazi lwawo ngeemfuno zokusetyenziswa kweziko lonyango.

Ulwazi oluyilwe liphulo elaziwa ngokuba yi-#EnoughisEnough linikele kwinani elandileyo lamaxhoba olwaphulo-mthetho lwesondo kunye nolwaphulo-mthetho lwasekhaya ekufikeleleni inkxaso zonyango lwengqondo yoluntu kwisithuba salo nyaka upheleleyo. Ngaphezulu kukwanda kwenkxaso-mali elungiselelwe imivuzo yomama abagcina izigulane kwiindawo zokhuseleko ezixhaswa ngemali, iSebe lifumene iibhedi ezangezelelweyo kunye neebhedi zokukhawulezileyo kwiindawo zokhuseleko ezilungiselelwe amaxhoba olwaphulo-mthetho nobundlobongela. Liqhubekile ngokunjalo ngenkxaso-mali yezifundo eziqinisekisiweyo zophuhliso lwamakhono ukulungiselela ukuba xa athe amaxhoba olwaphulo-mthetho olusekwe kwisini athe akulungela ukuyishiya indawo yokhuseleko, aya kuba exhotyiswe ngcono okokuba afikelele kumathuba okuvelisa ingeniso okanye imisebenzi. Kwicala lothintelo lolwaphulo-mthetho lwentlalo, imiqathango yokunciphisa ukuwa esonweni iyaqhubeka ukumiliselwa ukuqinisa iinkonzo eziqhubekayo kubaxhamli beenkoko zokulingwa. Ezi zibandakanya ukubuyiselwa kwakhona kunye neprojekti yololongo lwakamva kunye neeNkonzo zoNgenelelo kwiXhoba noMoni kulungiselelwa abenzi bobubi kunye namaxhoba obundlobongela basekhaya.

Ngaphezulu kwama-22 000 abantu abatsha bangenela iinkqubo zophuhliso loLutsha ezixhaswa ngemali liSebe kunye neeKhefi ezimbini zoLutsha ezixhaswe ngemali ngethuba lonyaka-mali (e-Uniondale naseRiversdale) zibangele nani leKhefu zoLutsha kwiPhondo ziyokutsho kwi-13. ISebe liqhubekile ngeenzame zokuphucula ukulunga kweenkqubo zophuhliso loLutsha ngokumiliselwa koqeqesho kwizithethe nemigangatho yenkonzo yophuhliso lolutsha. ISebe liqumbele ngokunjalo inkqubo yokunikezelwa kwamaxabiso kulungiselelwa iprojekti eyaziwa njenge-Sanitary Dignity Project ze yanikezela ngezishubelo zaxa usexsheni kumantombazana akwiigreyidi yesi-4 ukuya kweye-12 kwizikolo ezichongiweyo apho kukho umlinganiselo ophezulu wokungabikho kwabafundi abangamantombazana esikolweni kuthe kwachongwa. Umthwalo opholeleyo weemveliso zococeko wafunyanwa ngoFebruwari wama-2020. Ukunikezelwa kwazo kwakucwangciselwe okokuba kuqaliswe ngoMatshi wama-2020 kodwa kwarhoxiswa ngenxa yokovalwa ngci kokusebenza kwesizwe nokovalwa kwesikolo yaye kuya kuqaliswa xa izikolo sele zisebenza ngokupheleleyo kwakhona. Okokugqibela, amathuba omsebenzi ali-1 441 ayilwa ngokusetyenziswa kweNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP) kunye noGunyaziwe weMfundo noQeqesho weCandelo leMpilo neNtlalo-ntlalo (HWSETA) axhasa abalingwayo engqeshwenibophuhliso loluntu abangama-50 abathe ngoko bafumana amava endawo yengqesho nokuchanatywa kwingqesho. Olu lingo engqeshweni lukhulise isigxina sabasebenzi abangamagcisa aqinisekisiweyo ophuhliso loluntu lwaze ngaloo ndlela lanikela kuqinisekiso loPhuhliso loLuntu kwiPhondo. Inkxaso kwiNPO ezingthobeliyo iqhubile kwisithuba sonyaka-mali yaye amaphulo olwazi aqhutyweyo abe nomphumela webango elandileyo leeNPO lenkxaso kubhaliso lokufikelela kwiinkqubo zokwandiswa kwekhono.

Ukuvalwa ngci kokusebenza kwisizwe, njengenxalenye yokusabela kukarhulumente ekubhangiseni ukusasazeka kweCOVID-19 nokuncedisa ngexesha elaneleyo lokulungiselela ukunyuka kolwasuleleko, kube nempembelelo enkulu kwimisebenzi yesebe ukususela ekuqaleni kuMatshi 2020 yaye kuya kuqhuba ukwenjenjalo kwisithuba sonyaka-mali ozayo. Kubhengezwe njengenkonzo eyimfuneko, iSebe lizilungiselele yaye laxhasa iiNPO ethi izixhase ngemali ngamalungiselelo akhawulezileyo ngethuba elikhokhelela kuvale ngci lwemisebenzi. Ukuqaliswa kweenkonzo kube nokuchaphazeleka ngesithuba sikaMatshi 2020 njengoko abaxhamlo bonyango lokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi bakuyeka ukuthabatha inxaxheba kwiinkqubo, i-ECD kunye namaziko ololongo olungaphelelanga ngokunjalo, amaziko enkonzo

yaBantu aBadala, ucweyo lokhuseleko ezolungiselelwe aBantu aBakhubazekileyo, kunye neeKhefi zoLutsha zanciphisa unikezelo lwenkonzo de zavalwa. Ukugcinwa kweeNtsapho kunye neenkonzo zophambuko zarhoxiswa kunye nolwamkelo kuwo onke amaziko azimeleyo naxhaswa ngemali – arhoxiswa.

ISebe lasebenzisa uMatshi 2020 ukucokisisa izicwangciso zokuqhubeka koshishino ze laqulunqa imiqathango efana nokujikeleziswa kwabasebenzi kwiindawo zenkonzo eziphambili edabini, ukuthengwa kwemathiriyeli yokusanithayiza kunye neePPE zabasebenzi abaphambili edabini kunye, amalungiselelo okusebenza akude asetyenziswa. Ukuqinisekisa ngolungelelwaniso olupheleleyo nokusabela, iKomiti yeSebe yoLawulo imilisele iintlanganiso kabini ngeveki ezenziwa ngokusetyenziswa kobuxhaka-xhaka bekhompyutha yaze yaqukumbela amalungiselelo athi aqinisekise ngento yokokuba zonke iiNPO zifumana izabelo zazo zenkxaso-mali kwangethuba kwisithuba sezi nyanga zilandelayo.

**Uvavanyo ngokutsha lweziphumo zemali zeSebe**

**Okufunyenweyo liSebe**

**ITheyibhile A: Okufunyenweyo liSebe**

Okufunyenweyo liSebe	2019/20			2018/19		
	Uqikelelo	Isixa-mali esisiso esiQokelelweyo	Inkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi	Uqikelelo	Isixa-mali esisiso esiQokelelweyo	Inkcitho (Engaphezulu)/Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	
IRhafu efunyenweyo	-	-	-	-	-	-
EzoNgcakazo	-	-	-	-	-	-
Iirhafu zoMdyarho waMahashe	-	-	-	-	-	-
AmaPhephamvume oTywala	-	-	-	-	-	-
AmaPhephamvume eziThuthi	-	-	-	-	-	-
Intengiso yempahla neenkonzongaphandle kwee-asethi ezinkulu	804	738	66	762	755	7
Okukhutshelweyo okufunyenweyo	-	-	-	-	-	-
IiRhafu, izohlwayo neLahleko	-	-	-	-	-	-
Inzala, izahlulo kunye nerente yomhlaba	38	50	(12)	36	54	(18)
Intengiso yee-asethi ezinkulu	-	-	-	-	-	-
Iintengiselwano zemali kwii-asethi nakumatyala	288	656	(368)	272	572	(300)
<b>Kukonke</b>	<b>1 130</b>	<b>1 444</b>	<b>(314)</b>	<b>1 070</b>	<b>1 381</b>	<b>(311)</b>

**Okufunyenwe liSebe**

Ingeniso yalo eveliswe liSebe ibe sisixa-mali esiyokutsho kwi-0.06 sepesenti kuhlalo lwabiwomali olupheleleyo. Imithombo engundoqo yeSebe yengeniso yile:

- Ukuqokelelwa kwamatyala abanjwa iSebe;
- Ikhomishini kwi-inshorensi nokuxhuzulwa kwemali eyalelwe yinkundla yamatyala emvuzweni womntu;
- Imali yokupakwa kwezithuthi kunye neendleko zendawo yokuhlala kumagosa ngokomgaqo-nkqubo weSebe lezoThutho neMizebenzi yoLuntu (DTPW); kunye
- Nokubuyiswa kweengxowa-mali zentlawulo ekhutshelweyo ezingasetyenziswanga zeminyaka-mali engaphambili. Ukuqokelelwa okungaphezulu kwengeniso kunyaka-mali wama-2019/20 ibe ngamaka angama-R314 yaye oku kubangelwe koku kulandelayo:
- Ukwanda kokufunyanwa kwemali ebingamatyala.

Uqokelelo olungaphantsi lokuthengiswa kwempahla neenkonzongaphandle kwee-asethi ezinkulu kubangelwe kukumiliselwa kwe-Voice Over Internet Protocol (VOIP) ethe yanciphisa iindleko zokutsalelwa kweminxeba yangasese okube nomphumela kuqokelelo plungaphantsi. Uqikelelo luya kuvavanywa ngokutsha kunyaka-mali omtsha.

**INkqubo yeNkcitho**

**ITheyibhile B: INkqubo yeNkcitho**

Igama leNkqubo	2019/20			2018/19		
	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo	239 828	232 012	7 816	226 115	223 696	2 419
INkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu	978 135	960 820	17 315	897 422	886 031	11 391
Abantwana neeNtshaphos	751 087	750 070	1 017	685 309	683 807	1 502
Iinkonzo zoVuselelo	423 130	420 087	3 043	387 914	387 914	-
UPhuhliso noPhando	69 174	68 917	257	50 032	50 032	-
<b>Zizonke</b>	<b>2 461 354</b>	<b>2 431 906</b>	<b>29 448</b>	<b>2 246 792</b>	<b>2 231 480</b>	<b>15 312</b>

**INkqubo 1:**

INkqubo ichithe iipesenti ezingama-96.74 zohlahlo lwabiwo-mali lwayo oluzizigidi ezingama-R239.828 lonyaka-mali wama-2019/20. Engachithwanga inxulumene nenkcitho engaphantsi kwiMbuyekezo yaBasebenzi (CoE) ngenxa yokuba kungafunyanwanga bagqatswa bafanelekileyo kwinkqubo yokufunwa kwabasebenzi, kukunyuselwa kwangaphakathi nokuyeka kwabasebenzi engqeshweni yaye, inkcitho engaphantsi kwinkxaso-mali ebichongiwe yomsebenzi woluntu ngenxa kwenani eliphezulu labashiye ingqesho kwinkqubo. Inkcitho engaphantsi kwiMpahla neeNkonzo ibangelwe lulwaziso olufike emva kwethuba lwenkxaso-mali kuthelakiswa nethuba elide lokufunyanwa komnikezeli wenkonzo. Umnikezeli weenkonzo waqeshwa ngoFebruwari 2020 yaye unikezelo lweenkonzo lwenzeka noMatshi 2020.

**INkqubo 2:**

INkqubo ichithe iipesenti ezingama-98.23 zohlahlo lwabiwo-mali lwayo oluzizigidi ezingama-R978.135 lonyaka-mali wama-2019/20. Iingxowa-mali ezingachithwanga ezizigidi ezili-R17.315 zinxulumene nenkcitho engaphantsi kwiMpahla neeNkonzo ezilungiselelwe i-Sanitary Dignitary Project emva kokuba inkqubo yokuthengwa kwezishubelo zokuba sexesheni kwafuneka iphindwe ngenxa yokungabikho kwabafake amaxabiso abafanelekileyo, kunye neentlawulo zee-Asethi ezinkulu ngenxa kulibaziseko lokuthengwa kwezithuthi ezilungiselelwe aBantu aBakhubazekileyo.

**INkqubo 3:**

INkqubo ichithe iipesenti ezingama-99.86 zohlahlo lwabiwo-mali lwayo oluzizigidi ezingama-R751.087 lonyaka-mali wama-2019/20. Iingxowa-mali ezingachithwanga ezizigidi ezisi-R1.017 million zinxulumene nenkcitho engaphantsi kwi-CoE kukunyuselwa kwangaphakathi nokuyeka kwabasebenzi engqeshweni.

**INkqubo 4:**

INkqubo ichithe iipesenti ezingama-99.28 zohlahlo lwabiwo-mali lwayo oluzizigidi ezingama-R423.130 lonyaka-mali wama-2019/20. Iingxowa-mali ezingachithwanga ezizigidi ezi-R3.043 zinxulumene nenkcitho engaphantsi kwi-CoE kukunyuselwa kwangaphakathi nokuyeka kwabasebenzi engqeshweni. Inkcitho engaphantsi kwiintlawulo zee-Asethi ezinkulu ibangelwe lulibaziseko ekuthengweni kwezixhobo ze-ofisi nefanitshala.



### INkqubo 5:

INkqubo ichithe iipesenti ezingama-99.63 zohlahlo lwabiwo-mali lwayo oluzizigidi ezingama-lonyaka-mali wama-2019/20. Iingxowa-mali ezingachithwanga ezingamawaka angama-R257 zinxulumene nenkcitho engaphantsi kwi-CoE ngenxa yonyuselo lwangaphakathi nokuyeka kwabasebenzi engqeshweni.

### IViramenti

#### ITheyibhile C: Ibonelela ngeenkukacha ngeViramenti eqaliswe kunyaka ophantsi kovavanyo.

Icandelo eliphambili ukusuka	Iya ku	R'000	Isizathu
Inkqutyana 2.1: IiNkonzo zeQumrhu	Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	4 078	Ulungelelwaniso lweCoE.
Inkqutyana 2.1: Ulawulo neNkxaso	Inkqutyana 2.1: IiNkonzo zeQumrhu	2 427	Ukuthengwa kwezixhobo zeTheknoloji yeNgcaciso (IT) ngenxa yokwanda kwabasebenzi nokuhlaziywa kwe-IT.
	Inkqutyana 1.3: ULawulo lwesiThili	310	IiNkonzo zeZithuthi.
Inkqutyana 2.3: IiNkonzo eziya kuBantu aBakhubazekileyo	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	302	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.
	Inkqutyana 2.1: IiNkonzo zeQumrhu	866	Ukuthengwa kwezixhobo ze-IT ngenxa yokwanda kwabasebenzi nokuhlaziywa kwe-IT.
Inkqutyana 3.1: Ulawulo neNkxaso	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	18	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.
	Inkqutyana 2.1: IiNkonzo zeQumrhu	450	Ukuthengwa kwezixhobo ze-IT ngenxa yokwanda kwabasebenzi nokuhlaziywa kwe-IT.
Inkqutyana 3.2: ULolongo neeNkonzo eziya kwiiNtsapho	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	348	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.
Inkqutyana 3.3: ULolongo lwaBantwana noKhuseleko	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	1 288	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.
	Inkqutyana 2.1: IiNkonzo zeQumrhu	2	Ukuthengwa kwezixhobo ze-IT ngenxa yokwanda kwabasebenzi nokuhlaziywa kwe-IT.
Inkqutyana 3.4: I-ECD noLolongo oluNgaphelelanga	Inkqutyana 2.1: IiNkonzo zeQumrhu	101	Ukuthengwa kwezixhobo ze-IT ngenxa yokwanda kwabasebenzi nokuhlaziywa kwe-IT.
	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	125	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.
Inkqutyana 3.5: AmaZiko abantwananawLolongo loLutsha	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	12	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.
Inkqutyana 4.2: UThintelo loLwaphulo-mthetho neNkxaso	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	1 326	IiBhasari nooMatshini neziXhobo.
	Inkqutyana 1.3: ULawulo lwesiThili	2 040	IiNkonzo zeZithuthi kunye nooMatshini neZixhobo.
	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	2 731	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.

Icandelo eliphambili ukusuka	Iya ku	R'000	Isizathu
Inkqutyana 4.3: UkuXhoyiswa kweXhoba	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	36	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19
Inkqutyana 4.4: UkuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi, uThintelo nokuBuyiselwa kwisidima sangaphambili	Inkqutyana 5.4: Ukudanjiswa kweNdlala nokuZinziswa kweMpilo-ntle	3 967	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19

## UQengqelo

### ITheyibhile D: unikezela ngeenkukacha ngoqengqelo oluceliweyo ukususela kowama-2019/20 ukuya kowama-2020/21.

INkqubo	R'000	Injongo
INkqubo 1: ULawulo	477	Ukuqokunjelwa kwengxelo yovavanyo yokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi. Umnikazeli wenkonzo waqeshwa ngoFebruwari 2020 ze unikezelo lwenonzo lwahlangatyezwa ngoMatshi 2020. Iprojekti iya kuqokunjelwa kunyaka-mali wama-2020/21.
INkqubo 2: INkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu	3 793	Isigunyaziso somthetho esiqokugela sivela kumyalelo wenkundla ophathelelene nabantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni. Ilindelekile into yokokuba izithuthi ezine ezilungelelanisiweyo ziya kuziswa yiGovernment Motor Transport (GMT) kunyaka-mali wama-2020/21.
INkqubo 5: UPuhliso noPhando	23 636	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.

## Ukugcinwa kwengeniso

### ITheyibhile E: Inikezela ngeenkukacha zengeniso egciniweyo ukususela kowama-2019/20 ukuya kowama-2020/21.

INkqubo	R'000	Injongo
INkqubo 5: UPuhliso noPhando	314	Inkxaso-mali ekhawulezileyo yeNkqubo yoNcedo loKutya ukusabela kubhubhane weCOVID-19.

**Izizathu zenkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi kunye nezixa-mali ezibandakanyekayo ngokunjalo namanyathelo athatyathiweyo ukulungisa nokuthintela ukuphindwa kwesheho**

Izizathu zenkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi	Isixa-mali	Amanyathelo athatyathiweyo	Uthintelo lokuphindwa kwesheho
Ukushiywa yinqwelo-moya	R2 345,23	Ukuxhuzulwa okuchaziweyo kumvuzo wegosa.	ISebe lithe gqolo libeka iliso koku ngithuba lenkqubo yalo yeMali yeNkxaso nokuHamba nakuLawulo lwalo lwaNgaphakathi, Kwiinkqubo zasemva koPhicotho-zincwadi.
Indawo yokuhlala ebhukishiweyo engaqinisekiswa	R2 879,11	Ukuxhuzulwa okuchaziweyo kumvuzo wegosa.	ISebe lithe gqolo libeka iliso koku ngithuba lenkqubo yalo yeMali yeNkxaso nokuHamba nakuLawulo lwalo lwaNgaphakathi, Kwiinkqubo zasemva koPhicotho-zincwadi, kunye nolwazi ngokusetyenziswa kweesetyhula zangaphakathi.
Isohlwayo sokungafiki kwindawo yokuhlala ebhukishiweyo.	R1 547,30	Ukuxhuzulwa okuchaziweyo kumvuzo wegosa.	Iinkqubo zoluleko lwangaphakathi zilandelwe. Ukubekwa kweliso okuqhubekayo kwenkqubo yeMali yeNkxaso kunye nokuHamba noLawulo lwaNgaphakathi lweSebe (Uphicotho-zincwadi lwakamva) kunye nolwazi oluyiliweyo ngokusetyenziswa kweesetyhula zangaphakathi.

**Izicwangciso zexa elizayo zeSebe**

Ukufika kweCOVID-19 nokuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali okubangelwa yimpembelelo yokulawulwa ngci koqoqosho kunye nengeniso karhulumente, kwadingeka okokuba iSebe liqwalasele ngokutsha kokuphambili kwinkonzo yalo kunye nendlela elinikezela ngayo iinkonzo. Okubalulekileyo okukhulayo koku yaye kuya kuba koku, ngumba wokhuselo lwabasebenzi nabaxhamli benkonzo. Oku kuya kudinga amangenele aqhubekayo athi akhuthaze ukubaluleka kokushiywa kwesithuba esikhulu phakathi komntu nomnye, ukunxitywa kweemaski. ukusanithayizwa kwezandla nemiphezulu yeekhabhathi nokumiliselwa kweQhinga lePhondo leeNdawo ezisemngciphekweni ngentsebenziswano namasebe akhokhelayo ePhondo afana nelezeMpilo nelezeMfundo.

ISebe liqalise ngokunjalo ukuguqula ubume balo bokusebenza ingakumbi ngokubhekiselele kwiinkqubo zalo zolawulo. Ukusebenzela kude ekhaya kuya kubekwa phambili yaye sele kuqalisiwe. Bonke abasebenzi abafanelekileyo bayafikelela kwiikhompyutha zabo, kwidatha yaye ngoko kuthungelwano. Kwizithintelo zohlahlo lwabiwo-mali, iSebe, apho kufanelekileyo liya kuqalisa ukhulisa ukulungiselela ukwandisa ukufaneleka ngokuphathelele kwiNkqubo yoLawulo lweNPO yaye liya kuqhuba ukuqhubela phambili ukusetyenziswa kwenkqubo ye-Electronic Content Management (ECM) ukuqinisekisa ngento yokokuba irekhdi zalo ziyafumaneka ngokulula kubasebenzi. ISebe liya kuvavanya imiqathango yayo engqongqo kubume bethetknoloji, efana nomgaqo-nkqubo walo wohlaziyo nokukhawuleziswa kweenkqubo zonxibelelwano ezisekwe kwi-VOIP apho ii-ofisi zinxulunyaniswe kuthungelwano lwe-broadband. Ii-ofisi ziya kufudukela kwiMicrosoft Office 365 yaye iTeams ziya kuthatyathwa njengethetknoloji yentlanganiso ezithi ngoko zincele ii-ofisi ezikude okokuba zihlangane ubuso ngobuso ngaphandle kokuba abantu bahambe baye kwindawo yentlangano. Oku akuyi kulondoloza ixesha nje kuphela kunye neendleko zezothutho kodwa ziqinisekise ngokhuselelo

Iwabasebenzi. ISebe limilisele ngaphezulu isivumelwano sotyikityo lwedijithali ukuthintela ukusasazeka kwentsholongwane kumaxwebhu. Okokugqibela, ubolekiswa lwamaqela abasebenzi kubume be-ofisi nokucocwa okunzulu okwenziwa rhoqo kuya kuqhubeka kumiliselwa ngenzame ehlangeneyo ukuqinisekisa ngento yokokuba apho kufuneka abasebenzi besebenze khona kubume be-ofisi, bakwenza oko ngendlela ekhuselekileyo ngkubonelelwa rhoqo nokwangelelwa kwakhona kweePP.

Kwiinzame zalo zokuqhuba nokubeka iliso novavanyo kwiiNPO zalo ezixhaswa ngemali ngethuba lokuvalwa ngci kweCOVID-19, iSebe likwinqubo yokuphuhlisa inkqubo yengqinisekiso yokulunga ethi incede iiNPO okokuba zinikezele ngongqina ngekhompyutha bemigaqo-nkqubo yazo kunye needlela zokusebenza ze ngoko nokulungela nokuhambelana nemithetho efanelekileyo nemigaqo-nkqubo enxulumene nezithethe nemigangatho. Obu buya kuhlalelwa lisebe ze apho kukho imfuneko amalinge ophuclo lokunikezelwa kwenkonzooya kunikezelwa ukuqinisekisa ngemigangatho yokunikezelwa kwenkonzo iyagcinwa nento yokokuba iingxowa-mali ziyqhubeka zisetyenziselwa iinjongo ezo bezixhityiwe.

Zonke iinkonzo ezisemthethweni ziya kuqhubeka kubandakanywa iinkonzo zeSebe zokhuseleko lwabantwana, iindawo zokuhlala zololongo, iinkonzo zolingo. Uncedo lokuzondelela amalungelo oluntu ngokusetyenziswa ngaMaziko eSondlo soLuntu kunye noPhuhliso (CNDC) kunye neendawo zesondlo zokutyisela ezichongiweyo ziya kuqhubeka nezibonelelo ezongezelelweyo ezabelwe kuzo phantsi kwesibhengezo sentlekele ukuxhasa ukhuseleko lokutya ecaleni kothungelwano olukhulo lokhuseleko lwabanikezeli abafana ne-Arhente yoKhuseleko lweNtlalo yoMzantsi Afrika (SASSA) kunye nezikimu zokutyisa zezikolo.

Ubonelelo lweepakethe zokutya nezempilo kwabasesichengeni abazibekela bucala kunye/okanye abavalelweyo ngenxa yesifo esasulelayo nako ngokunjalo kuya kuba okanye kuya kuhlala kubekwe phambili njengoko abantu abaninzi bengakwazi okwethutyana ukushiya amakhaya abo yaye/okanye, babe nokuvelelwa kukulahlekelwa ngumsebenzi.

Ngaphezulu, kukho isidingo esandileyo sokwandiswa nokusetyenziswa kwamaziko eGBV nokunikezelwa kweePPE kumaziko okuhlala nawololongo olungaphelanga. Uqeqesho lokhuselo lweGBV luya kuhlanganiswa kwiinkqubo zemfundo yomzali noqeqesho ngokunjalo nezothintelo lokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, iinkqubo zonyango nevuselelo lwesimo sangaphambili eziqhutywa kuzo zonke iiDSD CYCC.

## **UThelelwano lukaRhulumente nolwaNgasese**

Akukho ngxelo inganikezelwa.

## **Imisebenzi eyekiweyo**

Ukuthengiswa kweenkonzo zololongo lokhuselo lweeCYCC kwiBosasa kwayekwa ukususela ngomhla woku-1 kuNovemba 2019. Inkonzo inikezelwa ngokwakaloku nje liSebe.

## **Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo**

Akukho ngxelo inganikezelwa.

## **ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo**

### **Izindululo zokunikezelwa kwamaxabiso ezingabongozwanga ziqukunjelwe kunyala ophantsi kovavanyo**

ISebe liqukumbele naziphi na izivumelwano zezindululo ezingabongozwanga zokunikezelwa kwamaxabiso ngethuba lonyaka ophantsi kovavanyo.

### **Iinkqubo zeSCM zikho ukuthintela inkcitho engalungelelananga**

Iinkqubo yaMagosa aNika iNgxelo (AOS) athi alawule uLawulo lweSixokelelwano soNikezelo (SCM) kunye nemisebenzi yolawulo lwee-asethi ezishukumayo imiliselwe. Ngeli thuba i-AOS iqwalasela yaye isithi thaca imiba yomgaqo-nkqubo yoLawulo loNikezelo lweSixokelelwano kunye nee-Asethi ezingaShukumiyiyo kwiSebe, uNikezelo lwaMagunya lweSCM luthi thaca amagunya okwenziwa kwezigqibo athi ancede iinkqubo kwi-AOS, llawula imisebenzi yeziko neyolawulo kwimisebenzi yemihla ngemihla yeSCM.

## Imingeni efunyenwe yiSCM kunye nendlela esonjululwe ngayo

Umngeni ophambili unxulumene neSCM kukuzaliswa kwezithuba njengoko inani lamagosa eyishiya iyunithi ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Izithuba ezingazaliswanga ngokwakaloku nje zikwinqanaba lokufunwa nokukhethwa yaye isisombululo sethutyana sibe kukusetyenziswa kwabasebenzi abakhoyo ngendlela efaneleke kakhulu nesebenzayo ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokokuba yonke imisebenzi iyamiliselwa.

Ukubekwa kweliso kukumiliselwa kwe-AOS kube ngumngeni. ISebe liqhube iimvavanyo zokubekwa kweliso ukumisela ubungakanani elithe lahambelana neendlela ezichaziweyo zeSCM ezilungiselelwe umsebenzi wesixokelelwano sonikezelo kwiSebe. Ulwakiwo lwamakhono lwenza inxalenye yesicwangciso ukuphucula umsebenzi nokuhambelana neemfuno zomthetho nemimiselo.

Ukumiliselwa kweqhinga lentsusa livelise izibonelelo ezithile. Ngoko, libe nemingeni yayo yesithili ebandakanya, phakathi kwezinye izinto, izithintelo zohlhlo lwabiwo-mali kunye neenguqu kumaqhinga oshishino.

ISebe liyaqhuba ukumiliselwa iqhinga lentsusa eliyinqubo ebandakanyayo necwangcisiweyo ehi ihlahlele ngokubalulekileyo inkcitho ze isebenzise ingcaciso ukwenza izigqibo ezisebenzayo ezimalunga nokufunyanwa kwempahla kunye neenkono ukusabela kwendlela eyahlulwa-hlulweyo yesiCwangciso seSizwe soPhuhliso (NDP) kukuthengwa kwempahla.

Uhambelwano kwimimiselo yokuthengwa kwempahla yinjongo eqhubekayo yecandelo ukuqinisekisa ngolawulo olulungileyo. Oku kwenziwa ngokuqhutywa kwamathuba olwazi nokuqulunqwa kothelwano lwemisebenzi. Iforam yezeMali yindlela elungiselelwe ukuchonga, ukufumana nokugqiba ngemisebenzi yeSCM kunye nemingeni yeenkqubo apho kwenziwa khona umsebenzi (iingingqi kunye nezibonelelo).

## Uhlahlelo lwe-B-BBEE<sup>1</sup>

### ITheyibhile F: Uhlahlelo lwe-B-BBEE

Inkcitho kubaNikezeli beNkonzo abakuVimba weeNkcukacha zamanani beNtshona Koloni (WCSD) ngokweCandelo loBunini				
ICandelo lobunini labaNtsundu	2019/20		2018/19	
	Isixa-mali esiHlawulweyo	I-% yesixa-mali esiHlawulweyo	Isixa-mali esiHlawulweyo	I-% yesixa-mali esiHlawulweyo
Malunga nama-51% abanini ingabaNtsundu	R106 764 556.38	67.56%	R 123 057 631	80.30%
Ngaphantsi kwama-51% abanini ingabaNtsundu	R50 779 387.29	32.14%	R 30 021 283	19.59%
Alichazwanga	R474 204.66	0.30%	R 162 841	0.11%
<b>Ewonke</b>	<b>R158 018 148.33</b>	<b>100%</b>	<b>R 153 241 755</b>	<b>100%</b>
Inkcithi kubaNikezeli beNkonzo abakwi-WCSD ngkoBukhulu beShishini kwesi sithuba				
AMAKHULU <sup>2</sup>	R11 845 627.95	7.49%	R 76 400 470	49.86%
QSE <sup>3</sup>	R44 996 458.67	28.47%	R 34 064 365	22.23%
EME <sup>4</sup>	R81 136 343.18	51.33%	R 24 100 858	15.73%
ANGAZWAZWANGA	R20 076 867.53	12.70%	R 18 676 062	12.18%
<b>Ewonke</b>	<b>R158 055 297.33</b>	<b>100%</b>	<b>R 153 241 755</b>	<b>100%</b>

<sup>1</sup> UkuXhotyiswa kuQoqosho kwe-Broad-Based Black.

<sup>2</sup> Amashishini anengeniso yonyaka edlule izigidi ezingama-R50 ngonyaka.

<sup>3</sup> Amashishini amaNcinane oShishino afanelekileyo anengeniso yonyaka ephakathi kwezigidi ezili-R10 kunye nezigidi ezingama-R50.

<sup>4</sup> AmaShishini amaNcinane akhululweyo anengeniso engaphantsi kwizigidi ezili-R10 ngonyaka.

Ixabiso elipheleleyo leentlawulo ezithe zenziwa liSebe kubanikezeli benkonzo ababhaliswe kwiWCSD nakuVimba oseMbindini weeNkcukacha zamanani (CSD) sisixa-mali esifikelela kwizigidi ezili- R158. 055 kunyaka-mali u-2019/20.

- Iipesenti ezingama-67.56 zeli xabiso zahlawulwa kubanikezeli benkonzo ababunini babo ubuncinane izipesenti ezingama-51 bungabaNtsundu ze iipesenti ezingama-32.14 zexabiso abe nokwabelwa kwicandelo lobunini ngenxa yeentlawulo ezinjalo ezenziwe kumaziko abhaliswe kwiCSD angakhange achaze icandelo lobunini.
- Iipesenti ezingama-51.33 zexabiso elipheleleyo lenkcitho yempahla neenkonzo lahlawulwa kwii-EME ze iipesenti ezingama-28.47 zahlawulwa kwii-QSE. Iipesenti ezisi-7.89 zenkcitho zahlawulwa kwiiNkampani eziNkulu.
- Iipesenti ezili-12.70 zexabiso azibanga nakwabelwa icandelo lobunini ngenxa yeentlawulo ezinjalo ezenziwe kumaziko abhaliswe kwiCSD angakhange achaze imali eyingeniso

ICandelo loLawulo-mali lePhondo (PT) lithethana nabanikezeli benkonzo ukubacela okokuba bazalise ingcaciso yabo yengeniso nobunini kwiCSD. Ngokuhambelana nengeniso, ipesenti engaboniswa ngonyaka-mali wama-2018/19 ukuya kwi-12.18 ngonyaka-mali wama-2019/20.

**ITheyibhile G: IZipho kunye neMinikelo efunyenweyo engeyiyo imali kumaqela anganxulumanaga neSebe**

Iziko elamkelayo	Uhlobo lomnikelo/lwesipho/umelo	Igama nedilesi yoMnikeli	Ubudlelwane namalungu abasebenzi	Ixabiso ngeeRandi lesipho/lomnikelo
Iziko lokuHlala laseSivuyile	IiNkonzo zoNyango ngokuNikwa uMsebenzi	Friends of Thembaletu	IiNkonzo ze-OT zokuVolintiya	R 2 000.00
Iziko lokuHlala laseSivuyile	IiNkonzo zoNyango ngokuNikwa uMsebenzi	Friends of Thembaletu	IiNkonzo ze-OT zokuVolintiya	R 2 000.00
Iziko lokuHlala laseSivuyile	IiNkonzo zoNyango ngokuNikwa uMsebenzi	Friends of Thembaletu	IiNkonzo ze-OT zokuVolintiya	R 2 000.00
I-Ofisi yoMphathiswa	Ibhegi erhuqwayo enamavili yofele	USomlomo wePalamente yePhondo leNtshona Koloni	BobuChule	R 3 760.00
Metro East	Iipakethi zokutya, eziqulathe iitoti zenyama enkonxiweyo yenkomo, iitoti zentlanzi enkonxiweyo, iipakethi zespagethi, iitoti zejemb, amalaphu okuhlamba, isiqholo samakhwapha, izishubeli zaxa usexesheni kunye neesepha (x 1 iipakethe zokutya) amanapkeni (x 20) (0-3 iinyanga), (x 20) (4-6 iinyanga) Ubisi olungumgubo lwabantwana (x 18 iipakethe zoBisi)	AGAPE-Gaynor Smith	Ubudlelwane bobuchule bokusebenza phakathi kweNPO ebhalisiweyo kunye neSebe loPhuhliso loLuntu	R 4 548.00
Cape Winelands	Imizobo ekwiphepha elincanyathiselwa eludongeni kulungiselelwa iGumbi lokuDlala kwi-Ofisi yeNgingqi yase Worcester.	Yi-Urban Digital Printing, Nksk. Amelia Schreuder	I-Ofisi yeNgingqi icele ikowuti kwinkampani yoyilo ukulungiselela ukuhombisa igumbi elitsha lokudlala. Iindleko zaziphakame kakhulu, ze inkampani yacelwa ukuba ayinalo na olunye uhlobo olulolunye olukhoyo olunexabiso eliphantsi. Yabuza injongo yalo mzobo. Emva kwangoko inkampani yaqhagamshelana ne-Ofisi yeNgingqi yaze yanikela simahla ngalo mzobo wephepha elincanyathiselwa eludongeni, njengoko ingathanda ukunikela kukuchacha kwabantwana abenzakeleyo.	R 5 500.00
Iziko lokuHlala laseSivuyile	Imirhumo yehostele kaDeidre Van Der Westhuizen elungiselelwe i-Alta Du Toit School	Abahlobo beThembaletu	Iqela lenkxaso	R 2 405.00
I-Ofisi yoMphathiswa	Iindleko zokuHamba nezokuHlala ukulungiselela ukuzimasa ukuqaliswa komsitho woLwaphulo-mthetho oluSekwe kwiSini	Unilever- Nksk. Shobna Persadh, UMLawuli: IMicimbi yeQumrhu kunye noShishino oluZinzileyo	Akukho budlelwane	R 11 332.94

<b>Iziko elamkelayo</b>	<b>Uhlobo lomnikelo/lwesipho/umelo</b>	<b>Igama nedilesi yoMnikeli</b>	<b>Ubudlelwane namalungu abasebenzi</b>	<b>Ixabiso ngeeRandi lesipho/lomnikelo</b>
Abantwana kunye neeNtsapho (I-Ofisi ePhezulu)	IVawutsha yakwaWoolworths	SAOU- Mr. Chris Klopper	Uthelelwano neDSD	R 2 000.00
Outeniekwa	Impahla yokuqubha	Top Gear, 044 873 0626	Bobuchule- Umqeqeshi wokuqubha	R 2 000.00
ULawulo loLwazi (I-Ofisi ePhezulu)	Umelo olulungiselelwe ukusingathwa kwentlanganiso yarhoqo ngekota ye-IMST	Vodacom SA, Tumi Pooe	Abukho/ Umnikeli nguMthengisi kwiDSD yeSizwe	R 10 000.00
Outeniekwa	Izinto zokuhlamba X 150	UMasipala waseGeorge	Akukho budlelwane	R 4 500.00
I-Ofisi yoMphathiswa	Amatikiti amabini - Rugby Sevens R1750.00 Lilinye	ISebe leMicimbi yeMidlalo uBugcisa neNkcubeko	Akukho budlelwane	R 3 500.00
UPhuhliso loThelelwano (I-Ofisi ePhezulu)	30 Blazers@ R450EA, 233 Slippers@ R40EA, 150 Face Cloths@R8EA	Cape Grace Hotel	IHlakani loShishino	R 24 020.00
Outeniekwa	Basketball takkies	Pastor Troy Gahman	Professional Basket Ball	R 13 000.00
Iziko lokuHlala laseSivuyile	Closed-circuit television (CCTV) Camera System	Abahlobo beThembaletu	Iqela lenkxaso	R 47 204.05
West Coast	Office Furniture- in line with MOU between DSD and Sea Harvest	Deon Ocks, Sea Harvest Corporation, 022 701 4266	Abukho	R 84 467.88
Iziko lokuHlala laseSivuyile	CCTV Camera System	Abahlobo beThembaletu	Iqela lenkxaso	R 54 543.35
<b>Zizonke</b>				<b>R 278 781.22</b>



## **Ukukhululwa kunye noNxaxho olufunyenweyo oluvela kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali:**

Akukho.

### **Izehlo emva komhla wokunikezelwa kwengxelo**

Ukufika kobhubhane wehlabathi weCOVID-19 kwikota yokugqibela yonyaka-mali wama-2019/20 nokuBhengezwa kamva koBume beSizwe beNtlekele ngoMatshi 2020, kunye ukuvalwa ngci okwalandelayo kube nale miba irheshayo ilandelayo kwiSebe:

- Inkxaso kwicandelo leNPO ukuvalwa ngci – izibonelelo nokuchazwa kwemithetho kunye neenkqubo. Ukubonelelwa ngeePPE kumacandelo achongiweyo afana neendawo zokhuselo, amaziko alungiselelwe abakhubazekileyo, abantwana kwiiCYCC ngokwemiqathango yoMthetho waBantwana kunye noMthetho woBulungisa baBantwana, amaziko okuhlala alungiselelwe abantu abadala, ii-ECD kunye nesibonelelo seepakethe zempilo eziya kubaxhamli abahluphekileyo nabasesichengeni eabzibekela bucala ngokwabo okanye abakuvalelo ngenxa yesifo esasulelayo. Inkxaso yanikezelwa ngokunjalo ngokusetyenziswa kwamaziko awangezelelweyo alungiselelwe amakhoba eGVB.
- Unikezelo lweenkonzo zenkxaso yengqondo kubaxhamli ingakumbi ngokubhekiselele kubhubhane.
- Ukumiliselwa nokuqiniswa koncedo lwezondolelo yamalungelo abantu nokubonelela ngokutya kubaxhamli abafezekisa iinqobo zokukhetha ezimiselwe kwangaphambili, ngeengxowa-mali zesebe ezibekwe phambili kulungiselelwa le njongo.
- Ukunikezelwa kwabasebenzi ngePPE nokusanithayiza rhoqo/ nokucocwa okunzulu kwee-ofisi nezibonelelo.
- Ukuhlaziywa nokumiliselwa kwesiCwangciso seSebe sokuQhubeka koShishino (BCP) kunye nomiliseko lwakamva lokusebenzela kude ekhaya kunye namalungiselelo angamanye okusebenza kwabaqeshwa.
- Ukuziswa kwezithuthi ekuhlala kuzo abantu abali-16 kwiiNPO ukuqinisekisa ngothutho olukhuselekileyo lwabantwana abakhubazekile ngengqondo ukuya nokubuya kumaziko ololongo losuku ngalunye kwalibaziseka ngenxa yokumiliselwa kokuvalwa ngi kwesizwe.

### **Ezinye**

Azikho.

### **Ukuncoma nokuqokumbela**

Egameni labalawuli abaphezulu beSebe, ndithanda ukubulela bonke abasebenzi beDSD, ingakumbi kwabo baphambili empini yokunikezelwa kwenkonzo ngokuzibophelela okuqhubekayo, okuhlangeneyo ekunikezeleni ngeenkonzo kwabo bahluphekileyo nabasesichengeni bephondo lethu. Oku kuqinisekise ngento yokokuba iSebe lifezekise ngempumelelo uninzi elijolose kuko kunikezelo lwenkonzo olulungiselelwe unyaka phantsi kweemeko ezinzima.

Ndikwathanda ukubulela onke amahlakani ethu ayimibutho ekwicandelo leNPO ethe yanikezela iinkonzo ezisemgangathweni egameni leSebe, ingakumbi kule meko yezoqoqosho nentlalo-ntle inzima neshokoxheke kangaka, eveze ukwanda kwesidingo seenkonzo zentlalo-ntle nezokuncitshiswa kwentlupheko, kwakunye nokuncipha kwemali yombuso kwanotyalo-mali olusuka kwicandelo lamashishini abucala

Ukuqokumbela, ulolongo lwabantwana kunye nokhuseleko luhlala luzezon njongo ziphambili zeSebe yaye ibalulekile into yokokuba imiqathango ekhoyo kufuneka ixhaswe, yaye neenkonzo zandiswe. Ngokuhambelana nezigunyaziso zalo ezizezinye zomthetho nemigaqo-nkqubo, iSebe liya kuqhubeka lisebenza kunye nabachaphazelekayo balo ukunikezela ngeenkonzo ezisebenzayo kubo bonke abo bazidingayo. Ubume obutsha obuqhelekileyo obuveliswe ngubhubhane weCOVID-19 ibe nefuthe ngoko kwindlela ekunikezelwa ngayo

iinkonzo, budinga indlela eyahlukileyo kunikezelo lwenkonzo ethi ikhusele abasebenzi nabasebenzisi benkonzo.

Obekekileyo



Gq. Robert Macdonald

IGosa eliNika iNgxelo

Umhla: 30 EyeDwarha 2020

**Ingxelo yoXanduva neNgqinisekiso yokuChaneka kweNgxelo yoNyaka**

Ngokolwazi lwam kunye nenkolo, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

- Yonke ingcaciso nezixa-mali ezibhengezwe kwiNgxelo yoNyaka ziyahambelana.
- iNgxelo yoNyaka iphelele, ichanekile yaye ayinako okushiyelelo.
- iNgxelo yoNyaka ilungiswe ngokuhambelana nezikhokhelo zengxelo yonyaka ezikhutshwe liCandelo leSizwe leMali.
- liNgxelo zoNyaka zeMali (iCandelo E) zilungiswe ngokuhambelana nomgangatho wemali ezinkozo eguqulweyo kunye nezicwangciso-nkqubo ezifanelekileyo nezikhokhelo ezikhutshwe liCandelo leSizwe leMali.
- iGosa loBalo-mali linoxanduva lokulungisa iingxelo zonyaka zemali ukulungiselela isigwebo esiza kwenziwa kule ngcaciso.
- iGosa loBalo-mali linoxanduva lokuseka, nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi uluthe lwayilelwa ukunikezela ngengqinisekiso efanelekileyo ngemfezeko nokuthembeka kwengcaciso yokusebenza, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kunye neengxelo zonyaka zemali.
- Abaphicothi-zincwadi bangaphandle kunxityelelwene nabo okokuba banike imbono ezimelelo ngeNgxelo zeMali zoNyaka.

Ngokwembono yam, iNgxelo yoNyaka zibonisa imisebenzi, ingcaciso yokusebenza, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kunye nemicimbi yemali yeSebe elungiselelwe unyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kuMatshi 2020.

Obekekileyo



Gq. Robert Macdonald

iGosa eliNika iNgxelo

Umhla: 30 EyeDwarha 2020

## UVavanyo Ngokubanzi

### UMbono

Uluntu oluzimeleyo.

### UMnqophiso

Kukuqiniseka ukunikezelwa kothotho lweenkonzo zophuhliso loluntu ezihlanganyelweyo ezipha umtyhi nezixhobisa abantu abahlelekileyo, abasemngciphekweni kwanabo banezidingo ezizodwa.

### Iinqobo ezisesikweni

Iinqobo ezisesikweni eziphambili zoRhulumente weNtshona Koloni (WCG), ezihambelana neSebe loPhuhliso, loLuntu, zezi zilandelayo:



#### Inkathalo

Ukukhathalela abo sibanika iinkonzo nesisebenza nabo



#### Ubuchule

Ikhono lokwenza umsebenzi esiqeshelwe wona



#### Ukuthwala uxanduva

Sithabatha uxanduva



#### Imfezeko

Ukuthembeka ze wenze oko kulungileyo



#### Inguqu

Ukwamkwa iimbono ezintsha nokuphuhlisa izisombululo ezakhayo kwiingxaki ngendlela enobuqili



#### Ukusabela

Ukusebenzela iimfuno zabemi bethu kunye nabaqeshwa

ISebe loPhuhliso loLuntu lizinikele kule mithethi-siseko **iphambili yokunikezelwa kweenkonzo ilandelayo:**

#### Inguqu: Ukusebenza ngokwahlukileyo

ISebe liya kuzinikela ekuzameni nasekuvavanyeni iindlela ezizezinye nezintsha zokusebenza ngenjongo yokufikelela kwezona ziphumo ziyinzuzo emandla kwelona thuba lifutshane ngaphandle kokutyeshela umgangatho weenkono.

#### Uthethwano nobandakanyo

Siya kusoloko sikuthathele ingqalelo kunxibelelwno olunentsingiselo namahlakani ethu nabachaphazelekayo njengoko kuchaziwe kuMthetho wesiCwangciso-nkqubo soBudlelwana booRhulumente (13/2005).

#### Ufikeleleko

Kubalulekile ukufikeleleka kweenkonzo kwabo bazidingayo. ISebe liya kuqhuba liphucula amacandelo neenkqubo zalo apho kuyimfuno kwisithuba sesiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi (MTEF).

### Ukuthwala uxanduva nokuba phandle

Ukumiliselwa kolawulo olulungileyo lwequmrhu ngokusetyenziswa kokubekwa kweliso olusekwe kwiziphumo, uvavanyo nokunikwa kwengxelo, iinkqubo ezizinzileyo zoshishino, imigaqo-nkqubo nokwandiswa kohambelwano ukulungiselela ukuphuculwa kokuthatyathwa koxanduva nokusebenza.

### IZigunyaziso zoMthetho neZinye

#### IZigunyaziso zoMgaqo-siseko

UMthetho	Impembelelo kukusebenza kweDSD
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (1996)	ICandelo lama-28(1) loMgaqo-siseko lichaza amalungelo abantwana malunga nenkathalo efanelekileyo (izondlo, indawo yokuhlala, iinkonzo zempilo neenkono zentlalo) nokungavalelwa enye ngaphandle kokuba kwenzeka kuba kungekho enye into enokwenziwa.
UMgaqo-siseko weNtshona Koloni (1/1998)	ICandelo 78 soMgaqo-siseko ubeka elubala imisebenzi yoMkomishina waBantwana ekufuneka encedise iWCG ekuphamiseni nasekukhuseleni abantwana beNtshona Koloni yaye ubhekisa kwicandelo leeNkonzo zeNtlalo-ntle ingakumbi

#### IZigunyaziso zoMthetho

UMthetho	Impembelelo kukusebenza kweDSD
UMthetho oLungisiweyo woLingo lweeNkonzo (35/2002)	Injongo yawo kukulungisa uMthetho woLingo lweeNkonzo, 1991, ukulungiselela ukufakela iinkcazelo ezithile: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ukwenza izibonelelo ezingaphezulu zeenkqubo ezijolise ekuthinteleni nasekubhangiseni ulwaphulo-mthetho;</li> <li>● Ukwandiswa kwamagunya nemisebenzi yamagosa olingo;</li> <li>● Ukunikezelwa kwimisebenzi yamagosa ancedisayo olingo;</li> <li>● Ukunikezelwa kohlolo olusisinyanzeliso lwabantwana ababanjiweyo;</li> <li>● Ukunikezelwa komkhoma-ndlela kukusekwa kwekomiti yengcebiso yolinga;</li> <li>● Ukunikezelwa kwabafuni beentsapho abatyunjiweyo kunye;</li> <li>● Ukunikezelwa komkhomba-ndlela kwimicimbi enxulumene nayo.</li> </ul>
UMthetho weMibutho eNgenzi nzuzo (71/1997)	Injongo yalo Mthetho kukunika inkxaso kwiiNPO ngokuthi kusekwe isikhokelo sezolawulo nesokumisela imigqo apho iiNPO zinokwenza khona imisebenzi yazo
UMthetho woLwaphulo-mthetho lwaseKhaya (116/1998)	Injongo yalo Mthetho kukunika amaxhoba obundlobongela basekhayeni olona khuseleko lungafikeleleka kumba wokuxhatshazwa ekhayeni.
UMthetho waMagciso eNkonzo yoLuntu (110/1978, IZilungiso: 1995, 1996 & 1998)	UMthetho useke iBhunga loMzantsi Afrika laMagcisa oMsebenzi woLuntu (SACSSP) yaye uchaza amagunya nemisebenzi yebhodi yeenkonzo zoluntu nobucisa.
UMthetho waBantwana (38/2005)	<ul style="list-style-type: none"> <li>● UMthetho wamiselwa luBhengezo lwePrezidanti ngomhla woku-1 ku-Epreli 2010 yaye uchaza:</li> <li>● Amalungelo noxanduva lwabantwana;</li> <li>● Uxanduva namalungelo abazali;</li> <li>● IMithetho-siseko neZikhokhelo zokhuseleko lwabantwana;</li> <li>● Ukukhuthazwa kwempilo-ntle yabantwana; kunye</li> <li>● Ukuhlanganiswa kwemithetho ephathelele kwintlalo-ntle nokhuseleko lwabantwana kunye, nemiba engalindelekanga.</li> </ul> <p>Oyena ndoqo wohlalutyo lwesibini loMthetho waBantwana yayikukufumanisa kweNkundla ePhakamileyo yoMzantsi yaseGauteng ngenyanga kaMatshi wama-2011 malunga nokutolikwa ngeyona ndlela ilungileyo kweCandelo 150(1) (a) lalo Mthetho. INkundla yafumanisa ukuba:</p> <p>Umntu ononophelayo onoxanduva lokunonophela ngokomthetho</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● (kule nkalo ke umakhulu) angatyunjwa njengomzali ozakunonophela umntwana lowo okwexeshana; yaye</li> </ul>

UMthetho	Impembelelo kukusebenza kweDSD
	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Akukho zimfuno zaluvavanyo lwengeniso yomzali ozakunonophela kuMthetho waBantwana okanye kuMthetho weNkxaso yeNtloko okanye kwiMimiselo yayo, ngoko ke, imeko yemali yabantwana ekufumaniseke ukuba banesidingo sononophelo kufuneka siqwalaselwe, hayi esomzali ozakunonophela. Kwiimeko apho abazali abamele ukunonophela abantwana ngokomthetho kufumaniseka ukuba imeko yabo yoqoqosho ayintlanga, banelungelo lokufaka isicelo senkxaso-mali yokunonophela</li> </ul>
<p>UMkhomishina weNtshona Koloni woMthetho waBantwana, (2/ 2019)</p>	<p>Ukubonelela ngokutyunjwa koMkhomishina waBantwana kwiPhondo leNtshona Koloni; kulungiselelwa imicimbi engalindelwe apho nokunikezelwa kwimicimbi ethile ephathelele nalo ofisi. ICandlo 78 loMgaqo-nkqubo weNtshona Koloni, 1997, liseka i-ofisi yoMkhomishina waBantwana wephondo nokunikezela ngento yokuba uMkhomishina kufuneka acede iWCG ekukhuseleni nasekukhuthazeni amalungelo, iimfuno nomdla wabantwana kwiPhondo.</p>
<p>UMthetho waBantu abadala (13/2006)</p>	<p>UMthetho owenziwe wasebenza ngokwesibhengezo sikaMongameli ngomhla woku-1 ku-Epreli ngo-2010, ujolise ekuxhobiseni nasekukhuseleni abantu abadala kubandakanywa nesimo sabo, amalungelo abo, impilo, ukhuselo nokhuseleko lwabo ukulwa impathombi kubantu abadala.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Umthetho ukhuthaza indlela yophuhliso ethathela ingqalelo:</li> <li>● Ubulumko nezakhono zabantu abadala;</li> <li>● Ukuthatha inxaxheba kwabantu abadala kwimicimbi yokuhlala;</li> <li>● Ukulawula ubhaliso lweenkonzo zabantu abadala; kunye</li> <li>● Nokusekwa nokulawulwa kweenkonzo namaziko abantu abadala.</li> </ul> <p>Ngokungafaniyo noMthetho waBantu aBadala, onguNombolo 81 we-1967 ugxininiso luyatshintsha ukusuka kolukukhathalelwa kumaziko</p>
<p>UMthetho woThintelo noNyango lokuSetyenziswa Gwenxa kweZiyobisi (70/2008)</p>	<p>Lo Mthetho ubonelela ngokuphunyezwa kokunikezelwa kweenkonzo zeziyobisi ezibanzi nezihlangeneyo kuwo onke amasebe karhulumente. Eyona nto lo Mthetho ugxininisa kuyo kukukhuthaza iinkqubo ezibhekisele kuluntu nokungenelela kwangethuba kunye nokubhaliswa kongenelelo lonyango malunga nokusetyenziswa kakubi kwezinyobisi.</p>
<p>UMthetho woBulungisa kuBantwana (75/2008)</p>	<p>Lo Mthetho umisela iinkqubo zomthetho weenkundla kubantwana abamangalelelwe ukwaphula umthetho benenjongo yokukukhusela amalungelo abantwana.</p>
<p>UMthetho woLwaphulo-mthetho (Amatyala eSondo neMiba eNxulumene) UMthetho oLungisiweyo (6/2012)</p>	<p>Lo Mthetho ulungisa uMthetho woLwaphulo-mthetho (Amatyala eSondo neMiba eNxulumene) UMthetho oLungisiweyo, ka-2007, ukuze kuvakaliswe ngokuphandle ukuba ukumiselwa kwemidliwo kumba wamatyala akumila kuthile njengoko kuqulethwe kulo mthetho ushiywa ekubeni uhoywe ziinkundla; kwanokubonelela ngeminye imiba ekwayameneyo.</p>
<p>UMthetho wokuThintelwa nokuBhangiswa kokuThengiselwa kwaBantu iSondo (7/2013)</p>	<p>UMthetho unika uncedo kwiSivumelwano seZizwe eziManyeneyo (UN) sokuthintela, ukucinezela nokohlwaya ukuthengiselwa kwabantu isondo, ingakumbi amabhinqa nabantwana, nokwangezelela kwingqamquthela ye-UN echasene nolwaphulo-mthetho oluququzelelweyo kumazwe onke.</p>
<p>UMthetho wesiCwangciso-nkqubo soBudlelwane booRhulumente (13/2005)</p>	<p>Lo Mthetho ujolise ekukhokeliseni intsebenziswano emandla phakathi kwala manqanaba mathathu karhulumente ngenjongo yokuphakamisa inkqubo ezininzileyo nephendulayo yezolawulo ephakamisa neyondla imigqaliselo nemigaqo yezolawulo lwegonga lseburhulumenteni</p>
<p>UMthetho weSizwe we-Arhente yoPhuhliso loLuntu (54/2008)</p>	<p>Injongo yalo Mthetho kukuyila nokukhuthaza ulungelelwaniso kwimicimbi yophuhliso lolutsha. .</p>
<p>UMthetho weNkxaso yeNtloko (13/2004)</p>	<p>Lo Mthetho umisela ukunikezelwa koncedo lwentlalo-ntle kuluntu kwakunye namalinge okunikezelwa kolo ncedo; ukumiselwa kwecandelo lohloko kwinkalo yoncedo lwentlalo-ntle; kwanokubonelela kweminye imiba ekwayameneyo</p>

UMthetho	Impembelelo kukusebenza kweDSD
UMthetho wokuNyuswa kweNgxowa yemali (107/78)	Lo Mthetho ubonelela ngokulawulwa kokuqokelelwa kweminikelo evela kuluntu; ukuqeshwa koMlawuli wokuNyuswa kweNgxowa yeMali; ukusekwa kweNgxowa-mali yoNcedo lweNtlekele, iNgxowa-mali yoMbuthe wezoKhuselo woMzantsi Afrika kunye neNgxowa-mali yoNcedo lwaBangcuchalazi; ukubhengezwa lwemisithi ethile eyintlekele njengeentlekele; kunye neminye imiba enxulumene naleyo.
UMthetho woLawulo lweNtlekele (57/2002)	Lo mthetho unikezela isikhokelo sokumiselwa komgaqo-nkqubo wolawulo ohlanganyelweyo noququzelekileyo lomsebenzi wohlangulo kwiintlekele (ogxile ekuthentelwe okanye ekuncitshisweni kwemingcipheko yeentlekele, ukuncitshiswa kobuzaza beentlekele, ukulungela iimeko ezingxamisekileyo, iimpendulo ezikhawulezileyo nezisebenzayo kwanokubuyela kwisimo sesiqhelo emva kweentlekele); ukusekwa kwamaziko esizwe, awamaphondo, nawo omaspala okujongana nolawulo lweentlekele; amavolontiya kwezolawulo lweentlekele; ndawonye neminye imiba engalindelekanga.
UMthetho woLolongo lweMpilo yeNgqondo (17/ 2002)	Lo mthetho umisela ukunikezelwa kononophelo, unyango kwanokubuyiselwa kwisimo sesiqhelo kwabantu abagula ngokwengqondo, kumiselwe inkqubo ezahlukeneyo emazilandelwe xa kusamkelwa abantu abakuloo meko ze kumiselwe nenkqubo yokunikezelwa kononophelo kwanolawulo lwempahla yabantu abangaphilanga ngengqondo.

### Imisebenzi engundoqo yeSebe

ISebe lizinikele kule misebenzi mibini iphambili ilandelayo:

- Inkonzo yeNtlalo-ntle yoLuntu kubantu abahluphekileyo nabasesichengeni ngentsebenziswano nabachaphazelekayo kwakunye nemibutho yoluntu ngokubanzi; kunye
- NeNkonzo yoPhuhliso loLuntu enikezela ngeenkqubo zophuhliso oluzinzileyo, eziququzelela uxhotyiso loluntu.

### IZigunyaziso

UMgaqo-	Impembelelo kukusebenza kweDSD
IsiCwangciso-nkqubo seQhinga leSithuba esiPhakathi (MTSF) 2019-2024 (2019)	Esi siCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi (MTSF) sisicwangciso seqhinga sikaRhulumente sethuba sevoti sowa-2019-2024. Sibonakalisa izithembiso ezenziwa kwimanifesto yombutho olawulayo ngethuba yokhetho, kuquka nokuzinikezela kumiliselwe lwesiCwangciso seSizwe soPhuhliso (NDP). I-MTSF ichaza iintshukumo aza kuzithabatha urhulumente kwaneethagethi ekufuneka zizuziwe. Injongo yeMTSF kukuqinisekisa ukuthungelana kwemigaqonkqubo, ukuhambelana nokuxhasana ngokwezicwangciso zikarhulumente kwanokukuhambelana neenkqubo zohlalo lolwabiwo-mali.
IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso 2030 (2012)	IKhomishoni yeSizwe yoCwangciso ipapashe "isiCwangciso seSizwe soPhuhliso: uMbono wama-2030" ngomhla we-11 kuNovemba 2011 njengeniyathelo lokuqala indlela entsha yoMzantsi Afrika, ethi izame ukubhangisa indlela ze inciphise ukungalingani ngowama-2030: Ikamva lethu – lenze lisebenze" sapapashwa ngesithuba sowama-2012.
OneCape2040. Ukususela kumbono ukya kwisenzo (2012)	URhulumente weNtshona Koloni uwuphehlele ngo-Oktobha wama-2012 lo mbono. Ujolise ekukhuthazeni iinguqu eziya kukhokelela kwikamva eliquka nelibandakanya abantu abaninzi neliluhlalima kwiNtshona Koloni. Ivakalisa umbono wendlela abantu baseNtshona Koloni abangasebenzisana ukuze kuphuhle uqaqosho lommandla wabo kwanoluntu ngokubanzi, ze ngokwenza oko, babe banikezela isikhokelo socwangciso nentshukumo eya kuphakamisa ukuzinikezela kwabo

UMgaqo-	Impembelelo kukusebenza kweDSD
	kwanokubonakalisaukusebenze ngendlela engafihlisiyo nenika iingxelo ejonge kwinkqubela yekamva elide.
IsiCwangciso sePhondo seQhinga (PSP) 2019-2024	IPSP le isisicwangciso seminyaka emihlanu esidiza izicwangcismaqhinga zikaRhulumente weNtshona Koloni kwisithuba seminyaka emihlanu. URhulumente lo sele echonge amanqaku amahlanu esicwangciso-qhinga kwinqongo yakhe yokufaka igxalaba ekuphumezekeni kweminqweno neenjongo zeNDP kwisithuba seminyaka emihlanu ezayo.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo (1997)	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo lisebenza njengesiseko sempilo-ntle yoluntu emva kwe-1994 ngokunikezela imithetho-siseko ekhokhelayo, ikigaqo-nkqubo kunye neenkqubo zophuhliso lweenkqubo zentlalo-ntle yoluntu.
UMgaqo-nkqubo weSizwe woLutsha 2015-2020 (2015)	Injongo kukuhlanganisa amalinge ajoliswe kulutsha aphakamisa amandla nezakhono zabantu abasebatsha ukuze baphucule uqoqosho noluntu ngokuthi bajongane neemfuno zabo; kuphakanyiswe iziphumo ezintle neziphilileyo, izinto abazikhethela zona kunye namatyathanga obudlelwane; kwanokunikezela ngenkxaso edingekayo ukuze baphuhliseke
ISebe loPhuhliso loLuntu: uMgaqo-nkqubo ongeNkxaso-mali kwiMibutho eNgeyayo ekaRhulumente kulungiselelwa ukuNikezelwa kweNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu kunye noPhuhliso loLuntu (2015) njengoko ulungisiwe ngowama-2017	Injongo yalo mgaqo-siseko kukuqinisekisa ngento yokokuba iintlawulo ezikhutshelweyo zilawulwa ngendlela ebekwe elubala ethi ikhuthaze ukuthatyathwa koxanduva, ufikelelo, ulawulo olufanelekileyo, iimfuno zokusebenza ezicicileyo, kunye nemithetho-siseko yobulungisa kulawulo ukunceda iDSD ukufezekisa umnqophiso walo wokunikezela ngothungelwano oluhlangeneyo lweenkonzo zophuhliso loluntuoluya kuthi luncede yaye luxhobise abahluphekileyo, abasesichengeni kunye nabo baneemfuno ezizodwa.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo oneeNtsapho eMazantsi Afrika (2013)	Injongo ephambili yePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kukukhuthaza impilo-ntle yeentsapho, ukukhuthaza nokomeleza iintsapho, impilo yeentsapho kunye nemiba ephambili kwiintsapho kumalinge okuqulunqwa kwemigaqo-nkqubo karhulumente ngokubanzi. ISebe lithe laqulunqa isicwangciso sophuhliso lwephondo sePhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kwiiNtsapho elithe lamkelwa yiForam yeeNkonzo zoSapho ngomhla we-16 kuSeptemba 2016.
IsiCwangciso-nkqubo seeNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (2013)	Esi sicwangciso-nkqubo sesizwe silungelelaniswe noYilo oluhlangeneyo lokuNikezelwa kweNkonzo (ISDM) yaye senza izibonelelo senkqubo ebekwe emgangathweni apho oonontlalo-ntle baya kunikezela ngeenkono zentlalo-ntle yoluntu zohlobo oluthile eziluhlobo oludingekayo, ezibanzi, ezihlangeneyo, nezisikwe kumalungelo, yaye zibonelelwe ngokwaneleyo.
IZithethe neMigangatho yohlobo oluthile yeeNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (2013)	Ubonelelo ngesiseko sokunikezelwa kweenkonzo zentlalo-ntle ezisemgangathweni yaye iyingxenyi yesiCwangciso-nkqubo seeNkonzo zeNtlalo-ntle yoluntu.
UMthetho wamaGcisa eNkonzo yeNtlalo (110/1978): IMimiselo enxulumene nobhaliso lwamachule kwiinkonzo zolingo (2013)	Le mimiselo ipapashwe kwiGazethi yeMimiselo enguNombolo 36159, ngomhla we-15 kuFebruwari 2013, iVol. 572, enguNombolo 991 zixhibe ekulawuleni nasekuphuculeni iinkonzo zolingo.
IsiCwangciso-nkqubo sobuGcisa seZiyobisi 2013-2017 (2013)	Isicwangciso sinceda ngolungelelwaniso lwamasebe kunye noomasipalangokuhambelana noMthetho woThintelo noNyango lokuSebenzisa Gwenxa kweZiyobisi, onguNombolo 70 wama-2008. Injongo yaso kukuqinisekisa ngento yokokuba ilizwe lisabela ngokufanayo kusetyenziso gwenxa lwezinyobisi.
IsiCwangciso-nkqubo sokoNgamela esilungiselelwe amaGcisa oMsebenzi weNtlalo eMzantsi Afrika (2012)	Sibonelela ngesicwangciso-nkqubo esilungiselelwe ulongamelo olusebenzayo loonontlalo-ntle, oonontlalo-ntle abaseseluqeqeshweni, oonontlalo-ntle abancedisayo, amachule omsebenzi wentlalo namagcisa angasese ukulungiselela ukuqinisekisa ngendlela zobuchule bomsebenzi wentlalo othi uncede ngokulungileyo inkonzo yabasebenzisi kwicandelo lentlalo loMzantsi Afrika.



UMgaqo-	Impembelelo kukusebenza kweDSD
IsiCwangciso-nkqubo seNgqinisekiso yokuLunga esilungiselelwe iNkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu (V4) (2012)	Esi sicwangciso-nkqubo sesizwe sibonelela ngenkqubo eyodwa nengagungqiyo kwakunye nemigaqo ecacileyo yokuhlola nokuvavanya ukusebenza ze sinikezele nangokuphuculwa okuqhubayo kumba weenkonzo zentlalo-ntle yoluntu.
IQhinga loPhuhliso loLutsha leSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (2013)	Kukunika umkhomba-ndlela, ukwazisa kwanokunikezela isikhokelo ekuqulunqweni kweenkqubo zeli Sebe zophuhliso lolutsha kwakunye noondoqo bokuzisa inelekelelo emandla yeziphumo nefuthe leenkqubo zeSebe. Sikwasebenza njengesixhobo socwangciso esibalulekileyo, esijoliswe ekuqwalaseleni iimfuno zabantu abatsha kwiPhondo leNtshona Koloni.
IQhinga loPhuhliso loLutsha leNtshona Koloni (2013)	Injongo (yeqhinga lophuhliso lolutsha kukudala inkxaso eyongezelekileyo, amathuba neenkonzo zisiwe kubo bonke abantu abatsha ukuze baphilise kakuhle neendawo abaphila kuzo ze ngempumelelo bakhule babe ngabantu abadala abaziphethe ngendlela, abazimeleyo nabazinzileyo. Sijolise kulutsha olusengumlisela nomthinjana oluphakathi kweminyaka eli-10 ne-14 ubudala kwakunye nabakwinqanaba 'lolutsha' oluphakathi kwe-15 nama-24.
IQhinga elihlangenyo lePhondo loPhuhliso loBuntwana kwaNgethuba 2011-2016 (2011)	Iqhinga linceda ngofikelelo kwisibonelelo sophuhliso olulungileyo lobuntwana kwangethuba (ECD) (kubandakanywa noGreyidi R) esiya kunceda abantwana abaninzi kangangoko sinakho okokuba bafumane ukomelela, ukuzithemba, amakhono nobuchule ukuqinisekisa ngento yokuba bangabafundi abaxhotyiswe ngokupheleleyo yaye balungiselelwe ukungena kuGreyidi 1 ukuya kutsho kuGreyidi 12.
UMgaqo-nkqubo ngeenkonzo zoPhuhliso loLuntu ukuya kuBantu aBakhubazekileyo (2017)	Eyona njongo kukunikezela umkhomba-ndlela kwanokuhlanganyela ukunikezelwa kweenkonzo zophuhliso loluntu eziphambili kuBantu aBakhubazekileyo. Injongo yawo kukuqinisekisa ukuba siyahlonelwa isidima namalungelo abo bonke aBantu aBakhubazekileyo, ngokuthi kunikezelwe uthotho lweenkqubo zoqoqosho loluntu kwakunye neenkonzo ezinqinisekisa ukubandakanyeka kwabo.
IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo – iNkonzo kuBantu aBakhubazakeke ngeNgqondo (2015)	Injongo yesi sicwangciso-nkqubo lunikezelo lweenkonzo ezilungelelanisiweyo nezihlanganisiweyo, kubantu abanokukhubazeka ngengqondo (PWID) ngamacandelo/amasebe awahlukeneyo ephondo ukuqinisekisa ngendlela ebeka umntu embindini kwi-PWID kunye neentsapho zabo ngokuMisela uhlobo lwezidingo zePWID kuwo onke amacandelo kunye neendima zeseba elifanelekileyo, uxanduva kunye noyilo lwenkxaso – mali engakho ukuhlangabezana izidingo ezichongiweyo.
IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lweSithuba sePhondo leNtshona Koloni (PSDF) (2014)	Isicwangciso-nkqubo sisebenza njengesiseko solunelelwaniso, uhlanganiso lonikezelo "emakhaya" lweenkqubo zeSebe lesizwe nelephondo; lixhase oomasipla okokuba bazalisekise isigunyaziso sabo socwangciso lomasipala ngokuhambelana ne-ajenda yesizwe neyephondo; sixhase yaye sichaze iinjongo zophuhliso lwesithuba sikarhulumente kwicandelo langasese nakwimibutho yoluntu.
UMgaqo-nkqubo ongokuHlalutywa, ukuKhululwa nokuBuyiselwa kwaBantwana abaGwetyiweyo abakuMaziko eDSD oNonophelo lwaBantwana noLutsha basiwe kolunye uNonophelo loMzali olungeNgqongqo (2014)	Lo mgaqo-nkqubo unikezela isikhokelo ekuhlalutyweni, ekukhululweni nasekubuyiselweni kwabahlali beCYCC abagwetyiweyo ngokuthi basiwe kwiindawo ezingekho ngqongqo njengoko kuthiwe thaca kwiSahluko 11 soMthetho waBantwana, 38 wama-2005 kwakunye neMimiselo.
IQhinga leSebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni ukuPhuculwa kweenkonzo zoLolongo loMntwana noKhuselo (2015)	Iqhinga saqulunqwa ukuze kunqandwe imingcipheko eyayanyaniswa nokumiselwa kweemfuno zomthetho, imigaqo nemimiselo yoMthetho waBantwana. Iqhinga sichaza izizathu zengxaki kwanamalinge okuqhubisana nale mingeni.

<b>UMgaqo-</b>	<b>Impembelelo kukusebenza kweDSD</b>
IsiCwangciso-nkqubo seNgqinsekiso yokuLunga sokuqhutywa kokubekwa kweliso kwintlalo-ntle yoluntu nakunikezelo lwenkonzo yophuhliso loluntu (2015)	Esi sicwangciso-nkqubo sephondo silungelelaniswe nesiCwangciso-nkqubo sesizwe seNgqinsekiso yokuLunga kweNtlalo-ntle yoLuntu (2013) nokucebisa ukubekwa kweliso okuhlangeneyo komsebenzi ngokusetyenziswa kwendlela yengqinsekiso yokulunga yophuhliso loluntu kunye neenkonzo zentlalo-ntle yoluntu kwiSebe ngokunjalo necandelo leNPO kwiPhondo. Sigxile ngokunjalo kuphuculo lokulunga kunikezelo lwenkonzo nokuchaza imigangatho yokuncamisa kwenkonzo nendlela ethe yabekwa iliso ngayo yaze yalawulwa.
IsiVumelwano seNgqinsekiso sokuLunga samaziko ololongo lwaBantwana nolutsha 2016-2018 (2016)	Esi sibumelwano sikhuthaza umiliseko olupheleleyo lwesivumelwano sengqinsekiso sokulunga esigxile kuhambelwano lolawulo lomthetho, uhambelwano lolawulo lwequmrhu nohambelwano
Ukwandiswa kwesibonelelo seQhinga leNkqubo ejojise kwizinto ezininzi (2015)	Uphuhliso nolawulo lweqhinga ukuqinisekisa ngokunatyiswa okufanelekileyo okuxhaswe ngokufanelekileyo, okulungelelanisiweyo nokulawulwa kweCYCC kwiphondo, kunikezelwa ngoluhlu oluyimfuneko lweenkqubo zololongo lwendawo yokuhlala njengoko kuqulunqiwe kwiCandelo 192 loMthetho waBantwana.
UMgaqo-nkqubo weSizwe oHlangeneyo woPhuhliso loBuntwana kwa Ngethuba (2015)	Lo mgaqo-nkqubo ujojise ekuguquleni unikezelo lwenkonzo yophuhliso lobuntwana kwangethuba eMzantsi Afrika., ingakumbi ukulungiswa kwezithuba ezibalulekileyo nokuqinisekisa unikezelo lwenkqubo yophuhliso yobuntwana kwangethuba ehlanganeyo, yobudala nenqanaba lophuhliso elifanelekileyo, elifikelela kuzo zonke iintsana, abantwana abancinane kunye nabanonopheli babo njengoko kuqikelelwe kwiNDP.
UMgaqo-nkqubo waBemi boMzantsi Afrika (1998)	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo likhuthaza uphuhliso lwabantu oluzinzileyo kwakunye nokulunga komgangatho wobomi kubo bonke abemi boMzantsi Afrika ngokuthi kuhlanganyelwe imiba yabantu ngobuninzi babo ifakwe kucwangciso lophuhliso kumanqanaba ohlukeneyo karhulumente kwanakuwo onke amacandelo neenkalo zoluntu. Eli Sebe ligunyaziwe ukuze lihlale ukumiselwa kwalo mgaqo-nkqubo, kwanefuthe lawo kwiinguqu nemiba yoluntu kwinkalo yophuhliso loluntu oluzinzileyo.
IQhinga lePhondo leNtshona Koloni elilungiselelwe ukuBonelelwa kwamaziko ololongo lwaBantwana nolutsha (CYCCs) (2016)	Eli lilawula isibonelelo sokunikezelwa kononophelo olufanelekileyo loluhlu lweendawo zokuhlala ezilungiselelwe abantwana ngokusetyenziswa kweCYCC kuzo zonke iinkqubo zololongo ezifanelekileyo ezisekwe kwiziko kulo lonke iPhondo, ezilungelelaniswe neemfuno.
IsiCwangciso-nkqubo seQhinga sokuTya kwaseKhaya neSondlo soRhulumente waseNtshona Koloni (2016)	IsiCwangciso-nkqubo seQhinga sokuTya kwaseKhaya neSondlo seNtshona Koloni sijolise kwintsilelo ethile yenkqubo ekhoyo yokutya ukuqinisekisa ngento yokokuba sinikezela kubo bonke abahlali beNtshona Koloni. ekusombululeni imiba ethile yenkqubo ekhoyo ngoku ejongene nombala seQhinga sokuTya kwaseKhaya neSondlo seNtshona Koloni wokutya ngenjongo yokuqinisekisa ukuba isebenzela bonke abahlali beNtshona Koloni. IsiCwangciso-nkqubo seQhinga sichaza iziphumo neenjongo ezithungelana iinkqubo kumsebenzi wokuncitshiswa kwendlala kwanokuphuculwa kwempilo, isondlo kwanomgangatho wokuvelisa ngenjongo yokuxhasa wonke umntu ohlala kwiNtshona Koloni ekunikezeleni isikhokelo sokuphilwa kobomi ebunentsingiselo nentsebenzo.
IInkqubo yoRhulumente weNtshona Koloni ejongene noLuntu lonke kuPhuhliso loQoqosho lweNtlalo (2018)	IInkqubo yalo lonke Uluntu (WoSA) inombono wabemi abakhuselekileyo, abathungelanayo kwinqanaba lobuntu nabanenzondelelo kwiingingqi zokuhlala ezoxhamla ngokulungana kumathuba eenkonzo zentlalo-ntle kwanokunye. Olu xwebhu lusiphathela isicwangciso-nkqubo sokunikezelwa kwenkqubo yophuhliso loluntu ehlanganyelweyo nesebenza ngeendlela ezintsha ngendlela enamanqanaba ohlukeneyo. Iqulunqwe ngenjongo yokuzuzisa imvumelwano ngendlela

UMgaqo-	Impembelelo kukusebenza kweDSD
	entsha yokuphakamisa uphuhliso loluntu "Ngokwendlela equka Lonke Uluntu".
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo ongaMalungelo aBantu aBakhubazekileyo (2015)	IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo liza nendlela entsha yokuthathelwa phezulu nokubekwa elubala kumba wokuzuzwa kwamalungelo aBantu aBakhubazekileyo ngokuthi kudalwe uluntu olukhululekileyo nolusekelwe kubulungisa oluqethe aBantu aBakhubazekileyo njengabemi abakwinqanaba elilinganayo. Likwanikezela isikhokelo ze sikhuthaze ukuzimela kwabantu abaphila nokukhubazeka. Idiza ngokuthe gabalala uxanduva kunye nezigunyaziso ngokweentsika zesicwangciso-qhinga ezilithoba ezibeka uxanduva emagxeni amahlakani kumba wokupheliswa nya komkhwa wokujongelwa phantsi kwanokukhutshelwa ecaleni kwabantu aBakhubazekileyo. Linikezela isikhokelo kwiSebe Lophuhliso Loluntu kwiNtshona Koloni (iWCDS) ukuze linikezele ngenkqubo yeenkonzo engenamagingxigixi nengenamiqobo, efanelekileyo nehlanganyelweyo.
IQhinga leNtshona Koloni lokuHlanganiswa koKhubazeko 2015 -2020 (2015)	IQhinga leNtshona Koloni lokuHlanganiswa koKhubazeko seminyaka emihlanu esithe sanikezela ngesikhokelo kwiSebe ekusetyenzisweni kokuhlanganiswa njengeqhinga ngenjongo yokukhawulezisa inguqu esusela kwiinkxaso zabakhubazekileyo ababekelwe kude basondezwe embindini womtsalane kwinkqubo yeSebe yokuhanjiswa kweenkonzo ngokubanzi.

## **IZigwebo zeNkundla ezifanelekileyo**

### **I-Western Cape Forum for Intellectual Disability: Umyalelo weNkundla ityala elinguNombolo: 18678/2007.**

Isigwebo sanikezelwa ngomhla we-11 kuNovemba 2010 siyalela urhulumente okokuba anikezele imiqathango efanelekileyo yesidingo zemfundo zabantwana abakhubazeke kakhulu ngokwasengqondweni, Ngokuhambelana nomyalelo wenkundla, iSebe lenze isibonelelo semivuzo yabalolongi kunye nenkqubo yabamiliseli babantwana abakhubazeke ngengqondo kumaziko ololongo lwasemini kunye neengxowa-mali zothutho olukhuselekileyo lwaba bantwana ukuya nokubuya kumaziko.

### **INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (Gauteng Provincial Division-Pretoria) efanelekileyo kubantwana abanokungalawuleki kwendlela yokuziphatha, inombolo yetyala 73662/16**

Umyalale wenkundla wenziwa ngomhla wesi-2 ku-Agasti 2018, uyalela amaSebe eSizwe eloPhuhliso loLuntu, eleMpilo neleMfundo okokuba enze isibonelelo sololongo olulolunye olufanelekileyo, iinkonzo zempilo yengqondo, iimfuno zemfundo zabantwana abangalawulekiyo ngendlela yokuziphatha. Ikomiti eququzelela iprojekti yamacandelo ahlangeneyoyasekwa ukulungiselela ukumisela imiqathango ukulungisa isimo ngophuhliso lomgaqo-nkqubo wamacandelo ahlangeneyo nesicwangciso somliso.


### **INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (Gauteng Division-Pretoria) efanele uLolongo loKondla, inombolo yetyala 72513/2017**

Umyalelo wenkundla wethutyana wenziwa ngomhla wama-29 kuNovemba 2017, uyalela amaSebe oPhuhliso loLuntu ngokunjalo noSASSA ukuba anikele ngentlawulo eqhubekayo kunye nolwulo lwemyalelo yololongo lwesondlo engaphezulu kwama-200 000 ebelsele iza kuphelelwa lixesha ngoNovemba 2017. Ukulungiselela ukunikezela ngesisombululo somthetho esibanzi senkqubo yololongo lokondla, iSebe leSizwe loPhuhliso loLuntu layalelwa (kwisithuba seenyanga ezili-15 somyalelo), okokuba lilungiselele ukuqalisa ngezilungiso eziyimfuneko kuMthetho waBantwana, 2005, kunye/okanye uMthetho weNkxaso yoLuntu, 2014. Ngaphezulu, nawuphi na umyalelo wololongo lokondla othe waphelwa lixesha ngethuba lalo myalelo wenkundla, wathathwa njengosebenzayo isithuba seenyanga ezingama-24. Lo myalelo wenkundla waphelwa ngomhla wama-28 kuNovemba 2019.

### **INkundla ePhakamileyo yoMzantsi Afrika (eNtshona Koloni) efanele amaxhoba olwaphulo-mthetho oluSekwe kwiSini, inombolo utyala SS17/2017**

Isigwebo sakhutshwa ngomhla wama-21 kuSeptemba 2017, uyalela iSebe leWCG loPhuhliso loLuntu okokuba linikezele ngobeko liso olufanelekileyo sexesha elide, ingcebiso kunye neenkonzo zololongo lwakamva ezilungiselelwe amaxhoba olwaphulo-mthetho esondo. Ngaphezulu, iSebe kufuneka liqinisekise ngento yokokuba iinkonzo ezixhaswa ngmali lisebe ezinikezelwa ziNPO ziyahambelana kunye nezivumelwano lenqanaba lenkonzo yazo.

**UBume boMbutho<sup>5</sup>**



**AmaQumrhu aNika iNgxelo kuMphathiswa / MEC**

Akufanelekanga.

<sup>5</sup> Oku kwe 31 eyoKwindla 2020

## ICandelo B: INgcaciso yokuSebenza

### 1. INgxelo yoMphicothi-zincwadi: liNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AGSA) uqhube ngokwakaloku nje iinkqubo eziyimfuneko zophicotho-zincwadi ngengcaciso yokusebenza ukulungiselela ukunika ingqinisekiso efanelekileyo ngendlala yezigqibo zophicotho-zincwadi. Isigqibo sophicotho-zincwadi ngomsebenzi kutheliswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili sibandakanywe kwingxelo kulawulo, kunye nokufunyenweyo okunikwe ingxelo ngako phantsi kwesihloko seeNjongo eZimiselwe kwaNgaphambili kwiNgxelo kwicandelo leemfuno ezizezinye zomthetho nezilawulayo zengxelo yomphicothi-zincwadi.

Khangela kwiphepha 156 leNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, epapashwe kwiCandelo E: iNgcaciso yeMali yesiNgesi.

### 2. UVavanyo ngokuBanzi lokuSebenza kweSebe

#### 2.1 UBume bokuNikezelwa kweNkonzo

ISebe linikezela ngeenkonzo kwabona bantu basesichengeni phakathi kwamanqanaba anyukayo obundlobongela obujoliswe kumabhinqa nabantwana; ubundlobongela bamaqela emigulukudu, ukusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi, amanqanaba aphezulu entswela-ngqesho, ukungakhuseleki kukutya nokungondleki komzimba. INtshona Koloni likhaya kwizigidi zabantu ezi-6.967 yaye kuqikelelwa okokuba liya kukhula ngaphantsi nje kwesiqingatha sesigidi sabantu kwisithuba seminyaka emine eladelayo liyokutsho kwizigidi ezisi-7.456 ngowama-2024<sup>6</sup>. Oku kuhlangukiswa neqondo eliphantsi lokukhula koqoqosho, amanqanaba athe gqolo ukukhula okungalingani nokwanda kobubi obunulunyanyiswe nako kuqaqambise isidingo seenkonzo zophuhliso loluntu phakathi kokwanda kwabemi abasesichengeni.

Abantwana abaqikelelwa kwizi-2 073 903 abaphakathi kobudala obu-0 ukuya kwiminyaka eli-177 abahlala eNtshona Koloni. Uphando<sup>8</sup> lubonise iqondi eliphezulu lezehlo zempatho-mpi ezinxulunyanyiswa, phakathi kwezinye izinto, nezehlo ezininzi zokusetyenziswa gwenxa kwizinyobisi, kubandakanywa utywala. Ngokuhambelana neSAPS (2018), iNtshona Koloni inike ingxelo yawona manani aphezulu okubulawa kwabantwana ngowama-2017/2018 inamatyala angama-279, kunye nenani eliphezulu lolwaphulo-mthetho olujolise ebantwaneni ngowama-2018/19. Oku kwaxhaswa ngaphezulu luhlahlelo lwangaphakathi lokubulawa kwabantwana eNtshona Koloni kwisithuba sowama-2013 – 2018 olubonisa intsingiselo enyukayo, enokunyuka okungama-23.5 eepesenti kwisithuba seminyaka emihlanu (SAPS, 2018). Kuba bume, indlela ehlangeneyo elungiselelwe uluntu lonke inyanzelekile ukulungisa imingeni embaxa yoqoqosho lwentlalo. Ukuza kuthi ga ngoku, iinzame ezenziwe liSebe zibandakanye ukulolongwa kweenkonzo zothetho esele zikho kumanqanaba akhoyo kunye nophuculo oluxhathise kulungelelaniso iinkonzo zokuthintelo namangenelo kwangethuba (umzekelo amaZiko okuShiywa kwezinto; ulolongo lwaseMva kokuPhuma kweSikolo (ASC) kunye namakhonkco enkqubo lisibindi). Iinkonzo zokuthintelo nezamangenelo angethuba ziya kujolisa kuphuhliso obusekwe kubungqina bamangenelo osapho ukunciphisa ukuba sesichengeni kwabazali, abanikezeli bololongo kunye neentsapho ezisemngciphekweni kunye, namangenelo athi achonge, ahlole ze anikezele ngenkxaso kwiimpembelelo zentlalo kunye nentlalo-ntle yoluntu eyodwakubantwana nolutsha olusemngciphekweni.

Malunga nabantwana abangama-564 253 kwiPhondo baphakathi kobudala beminyaka eyi-0 ukuya kwisi-4. Uphando oluqhutyiweyo liSebe (DSD, 2015) ngokunjalo nolo luqhutywe yi-Yunivesiti yaseStellenbosch (Van der Berg, 2014) luxhasa ukugxila kwiCandelo le-ECD kunye noLolongo olungaPhelele ekuphuculeni ukulunga kweenkqubo ze-ECD kwiPhondo. Kungoko imiba yokhuselo, uphuhliso lwengqiqo, kunye nesondlo isasele kugxilwe kumangenelo e-ECD.

<sup>6</sup> | Stats SA lintelekelelo zaManani aBemi zaPhakathi eNyakeni, 2019.

<sup>7</sup> | Stats SA lintelekelelo zaManani aBemi zaPhakathi eNyakeni, 2019.

<sup>8</sup> | ISebe loPhuhliso loLuntu leNtshona Koloni (2015). Uvavanyo lweenkcukacha zaManani eMpatho-mpi yaBantwana. INgxelo yophando lwaNgaphakathi equlunqwe nguVictoria Tully noFaheemah Esau

Oku kuya kuqhubeka kuxhaswa, phakathi kwamanye, ngokumiliselwa kwiziko ubhaliso lwe-ECD kunye nobhaliso kwakhona okusembindini ukubeka emgangathweni iziko kunye nokulunga kwenkqubo, ukwandiswa kweenkonzo ze-ECD ngokusetyenziswa koMnikelo oneMiqathango we-ECD kunye nokubonelelwa kweenkonzo zenkxaso ezizodwa kubantwana abasemngciphekweni abangakwaziyo ukufezekisa umgama wabo wophuhliso.

Uhlahlelo lweenkcukacha zamanani arhoqo ngeKota aBasebenzi lubonise okokuba iipesenti ezingama-31 zolutsha olubudala buyiminyaka eli-15 ukuya kweyi-34 aluQeshwanga, aluFundi, okanye alukho luQeqeshweni (NEET)<sup>9</sup>. Nangona kubekho impumelelo ethile ekuphuculeni ukugcinwa kwabafundi esikolweni, iipesenti ezili-14 zabantwana kwiPhondo baphuma esikolweni xa babudala buyiminyaka eli-16. ISebe liqhubile ngokugxila kuphuhliso lolutsha ngokunikezelwa kwamakhono, amathuba oqeqesho nophuhliso aya kuthi akhulise amathuba okuqesheka nokukhuthaza indlela yokuphila elungileyo nobumi obuthwala uxanduva ngokusetyenziswa kwamaqonga awahlukeneyo kubandakanywa neKhefu zoLutsha. Iinkqubo zeeKhefu zoLutsha ziya kuhlolwa, ze amaqhinga aphuhliswe ukwandisa ufikelelo kwimimandla eneenkonzo.

Amanqanaba aphezulu olwaphulo-mthetho, njengoko kunikwe ingxelo kwiinkcukacha zamanani eSAPS 2018/19 akhutshiweyo, abonisa uhlobo oluzinzileyo nenqanaba lokunyuka olwaphulo-mthetho lobundlobongela kwiPhondo. Umndilili wokubulala eNtshona Koloni uphakame kakhulu kunolinganiselo oqikelelweyo wokubulala kwihlabathi we-6.2 kwi-100 000 labemi (Institute for Security Studies, 2015), kunye nenani lezehlo zohlaselo lwesondo, uhlaselo olujoliswe kumabhinqa kunye nomlinganiselo wezehlo zodlwengulo zizasele ziphakathi kwezipezulu kwilizwe. IPhondo lirekhode ngokunjalo inani elillelesibini ngokubaphezulu lolwaphulo-mthetho olujolise kumabhinqa ngowama-2018/19. ISebe liqhube ngenkxaso-mali yayo yesiseko ekhoyo kunye nezabelo ezichongiweyo kwiindawo zokhuseleko ezilungiselelwe amabhinqa abaxhatshaziweyo kunye nabantwana babo, amaxhoba okuthengiselwa isondo kunye namaxhoba obundlobongela besondo.

Ubukhulu bokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, kwiPhondo kunye nothungelwano lwalo kunye nezifo zentlalo budinga ungenelo olukhawulezileyo njengoko iNtshona Koloni isasele iPhondo elinomlinganiselo ophezulu wolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi kunye nezehlo ezingama-81 344 ekunikwe ingxelo ngazo ngowama-2018/19 ezenza iipesenti ezingama-35 kwinani elipheleleyo lolwaphulo-mthetho olunxulumene neziyobisi ezifunyenwe kuMzantsi Afrika (232 657 izehlo). Ngokupheleleyo, kubekho ukunyuka okungama-35 epesenti kulwaphulo-mthetho olufunyenwe eNtshona Koloni kwisithuba seminyaka eli-10 ukususela kowama-2009/10 ukuya kowama-2018/19. Kubekho ngokunjalo ukwanda ngokupheleleyo kwizigulane ezifikelela kunyango lokusebenzisa gwenxa iziyobisi kunye namalinge ovuselelo ngokutsha ubuyiselwe esimeni sangaphambili kunye, neenkonzo eziya kuqaliswa kwimimandla yasemaphandleni, ingakumbi kooMasipala beSithili owase-West Coast, kwiGarden Route nowaseKaroo.

Umndilili wokuphila okulindelekileyo ungowona uphezulu eNtshona Koloni. Ngenxa yaloo nto, iPhondo linenani elikhulu yaye elikhawulezayo ukukhula labemi abangabantu abadala kunawo onke amanye amaphondo. Ngokuhambelana neStatistics South Africa (Stats SA), iNtshona Koloni inabantu ababudala beminyaka engama-65 abangama-467 236 nabadala, uqikelelo lubonisa okokuba abemi ababudala bungaphezulu kwama-65 liya kukhula ngabantu abali-15 025<sup>10</sup> ngowama-2025. ISebe liyaqhuba yaye liya kuqhuba ukunikezela ngofikelelo kwiinkonzo ezilungileyo zophuhliso loluntu ingakumbi ukwandiswa kokuphila okuzimeleyo nokuxhaswayo, ulolongo lwabagulayo kunye namangenelo asekw kuluntu.

ABantu aBakhubazekileyo bajamelana nemingem emininzi. Iinkcukacha zamanani zakutsha nje ziqikelela okokuba aBantu aBakhubazekileyo abangama-440 533 bahlala kwiNtshona Koloni. ISebe liqhubekile ngamangenelo alo okulungisa abandakanya ubeko ndawonye, ukuxhasa nokukhuthaza amalungelo, impilo-ntle nokuxhotyiswa koqoqosho lwentlalo lwaBantu aBakhubazekileyo, iintsapho zabo nabanikezeli bololongo. ISebe liqhubekile ngokunjalo ngomiliselwe lweSigwebo seNkundla sowama-2010.

<sup>9</sup> ICandelo loLawulo-mali lePhondo leNtshona Koloni, Uvavanyo ngokutsha kweNganiso neNkcitho, 2020.

<sup>10</sup> UQikelelo lwaBemi lwaPhakathi eNyakeni lweStats SA, 2019 kunye neDSD PPU, 2020.

Amanqanaba aphezulu endlala nokungalingani azingisile, kukho noninzi lwamakhaya angakwaziyo ukubonelela ngeemfuno ezininzi zesiseko. Ngokuhambelana neStats SA (2016), amakhaya angama-255 163 anike ingxelo yokokuba aphelelwe yimali yokuthenga ukutya kwisithuba seenyanga ezili-12 esikhokhelela kuVavanyo lwawo loLuntu lowama-2016. INtsingiselo yeNdlala eKhutshiweyo (Stats SA, 2017) ibonise into yokokuba ubalo lwendlala eNtshona Koloni isusela kwii pesenti ezili-17 ngowama-2011 ukuya kuma-21.3 eepesenti ngowama-2015. Kwesi sithuba sinye isithuba sendlala sihlile ukususela kwii pesenti ezisi-9 ukuya kwii pesenti ezi-6.8. Kusetyenziswa uVavanyo loLuntu njengesiseko, kwaqikelelwa kuqala okokuba inani lamakhaya avelelwa kukungabikho kokutya linakho ukukhulu ngokumalunga nepesenti ezili-11 ukususela kowama-2019 ukuya kowama-2023. Ukuvulwa ngci kwayo yonke into kwesizwe, ngenxa yobhubhane we-COVID-19 ngoko kwayenza mandundu ngaphezulu intlekele yokhuseleko lokutya, yantywilisela amakhaya amaninzi angaphantsi komlinganiselo wendlala. ISebe linikezele ngoko ngezidlo kubaxhamli abachongiweyo kwiindawo zalo zokutyisa kunye neepasile zokutya ngokusebenzisa inkqubo yayo yohlahlo lwabiwo-mali lokubekelwe phambili ekupheleni kukaMatshi 2020. Inkqubo yokutyisa echongiweyo iya kuqiniswa ngokubekwa embindini kweNkqubo yeCNDC kwiPhondo ukususela ngomla woku-1 ku-Epreli 2020. oku kuya kuba ngumqathango wodambiso obalulekileyo kunikezelo lokutya ngethuba lokuvalwa ngci kwento yonke lweCOVID-19.



## 2.2 IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo

ISebe liqukumbele isiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo (SDIP) ukulungiselela iinkonzo ezimbini ezingundoqo:

- Inkonzo yokuqala engundoqo: uKhuseleko loLolongo lwaBantwana – Ukubekwa kweliso kukuSebenza kwemibutho echongiweyo yokuseleko lwabantwana; kunye
IiProjekti zeZibonelelo	2019/20			2018/19		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi
Ii-asethi ezintsha nekwenziwa ezinye endaweni yezikhoyo	-	-	-	-	-	-
<b>Ii-asethi zezibonelelo ezikhoyo</b>						
Uhlaziyo lweSibonelelo saBakhubazeke ngeNgqondo seWC Forum	3 891	17 081	(13 190)	18 448	10 804	7 644
Igumbi lokulala leClanwilliam CYCC	-	6 332	(6 332)	19 590	11 540	8 050
Ukwenziwa ngokutsha - kweHouse De Klerk Hostel ukulungiswa nokuhlaziywa	550	31 190	(30 640)	29 029	12 742	16 287
Ukwenziwa ngokutsha - kweUnion House (kwimigangatho wesi-2, 5 nowe-10)	-	67	(67)	4 623	-	4 623
Ukwenziwa ngokutsha - kweYork Park (Umgangatho osezanst nakumganagatho woku-1 – (i-SDA yaseGeorge ekuMgangatho ophantsi)	5 114	5 645	(531)	34 529	30 900	3 629
<b>IZibonelelo ezikhutshelweyo</b>						
• Ezikhoyo	-	-	-	-	-	-
• Ezinkulu	-	-	-	-	-	-
<b>Zizonke</b>	<b>9 555</b>	<b>60 315</b>	<b>(50 760)</b>	<b>106 219</b>	<b>65 986</b>	<b>40 233</b>

## ICandelo C: ULawulo

### 1. Intshayelelo

Ukuzibophelela kweSebe ukulungiselela ukugcina imigangatho ephezulu yolawulo kususiseko kulawo lweemali zikarhulumente nezibonelelo. Abasebenzi bafuna ingqinisekiso yokokuba iSebe linezibonelelo zolawulo olulungileyo ezikhoyo ukulungiselela ukusetyenziswa kwezibonelelo zikarhulumente ngokusebenzayo, ngokufanelekileyo nangogoqoqosho, ezixhaswa ngemali ngumhlawuli werhafu.

### 2. ULawulo loMngcipheko

IGosa eliNika iNgxelo leSebe loPhuhliso loLuntu lithabathe uxanduva lokumilisela uLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) ngokuhambelana nesiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko weCandelo likaRhulumente leCandelo loLawulo-mali leSizwe (PSRMF) kunye neCandelo loLawulo loMngcipheko weShishini (D: ERM) kwiSebe leNkulumbuso (DotP) linikezelea ngenkonzo ebekwe endaweni enye embindini kwiSebe.

ISebe liseke iKomiti yoLawulo loMngcipheko weShishini (ERMCO) ukunceda iGosa liNika iNgxelo ekumiliseni uxanduva lwakhe olunxulumene nolawulo lomngcipheko.

### **Ikomiti yeenqobo ezisesikweni kunye noLawulo loMngcipheko weKomiti (ERMCO)**

I-ERMCO inika ingxelo yokokuba ihambelane nxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA), uMmiselo weCandelo loLawulo-mali 3.2.1 neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente yowama-2016, iSahluko 2, iSahlulo 1, 2 kunye neses-3. I-ERMCO inika ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele iMigaqo neSikhokhelo esifanelekileyo ezisesikweni (eyamkelwe ngusihlalo we-ERMCO ngomhla we-14 kuFebruwari 2019) yaze yalungelelanisa imicimbi yayo ngokuhambelana kunye neMigaqo neSikhokhelo yaye iqhube lonke uxanduva lwayo njengoku luqulathiwe apha.

### Amalungu eKomiti yoLawulo loMngcipheko (ERMCO)

I-ERMCO le yenziwe ngamalungu athile aathatyathwe kwiqoqo labalawuli abaphezulu kweli Sebe. Njengoko imisele iMigaqo Nemiqathango, i-ERMCO ihlangene ubuncinci kane kulo nyaka ophantsi kovavanyo.

Ittheyibhile engezantsi apha idiza iinkcukacha ezizizo ngamalungu e-ERMCO:

ILungu	Isikhundla	Ezizinyasiweyo	Umhla wokutyunjwa
Gq. R. Macdonald	IGosa eliNika iNgxelo (uSihlalo)	3	31/03/2017
Mnu. J. Smith	UMlawuli oyiNtloko: ULawulo lweMali (CFO & neNtshatsheli yoMngcipheko)	3	30/03/2017
Mnu. C. Jordan	UMlawuli oyiNtloko: ABantwana neeNtsapho ne-ECD	2	30/03/2017
Nksk. M. Johnson	UMlawuli oyiNtloko: UCwangciso lweShishini neQhinga	2	30/03/2017
Mnu. M. Hewu	UMlawuli oyiNtloko: UPhuhliso loLuntu noThelelwano	2	30/03/2017
Nksk. A. van Reenen	UMlawuli: INkxaso yoLawulo lokuSebenza neGosa leeNqobo eziseSikweni	3	30/03/2017

Okulandelayo sisiboniso samanye amagosa azimase iintlanganiso zeERMCO kunyaka ophantsi kovavanyo:

Igama	Isikhundla	ABazimasileyo
Nksz. C. George	UMncedisi woMlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi (OoMabhalane)	3
Nksz. D. West	UMcwangcisi wemali zikaRhulumente: ULawulo lwaNgaphakathi	2
Mnu. S. Abrahams	UMcwangcisi wemali zikaRhulumente: ULawulo lwaNgaphakathi	1
Mnu. S. Malan	UMlawuli: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi (DotP)	3
Mrs. A. Haq	UMlawuli: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	1
Mnu. S. Africa	UMcebisi oyiNtloko woMngcipheko: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	3
Nksz. Y. Sidziya	Ofunda eseNgqeshweni: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	2
Nksz. N. Mbembeni	Ofunda eseNgqeshweni: ULawulo loMngcipheko weShishini (DotP)	1
Nksk. M. Natesan	USekela-Mlawuli: IiNkonzo zePhondo zeNkundla (DotP)	1
Mnu. E. Peters	IGcisa loLawulo lwe-IT noMngcipheko (DotP)	2
Nksz. W. Hansby	UMlawuli: Provincial Forensic Services (DotP)	1
Mnu. W. Jacobs	USekela Mlawuli: Provincial Forensic Services (DotP)	1

## IMisebenzi engundoqo ye-ERMCO

IGosa eliNika iNgxelo ngusihlalo we-ERMCO. Ekumiliseleni umsebenzi wayo, i-ERMCO yenza le misebenzi engundoqo ilandelayo ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo:

- UMgaqo-nkqubo ovavanyiweyo kwakhona woLawulo woMngcipheko weSebe nesiCwangciso soMiliselo; kulungiselelwa izindululo ezenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi nolwamkelo leGosa eliNika iNgxelo;
- Imisela, ivavanya kwakhona ize isebenzise umnqweno womngcipheko ofanelekileyo neemvume, ze kucetyiswe okufanayo kulungiselelwa ulwamkelo liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukuvavanywa kobungakanani nokusebenza kokuhlanganiswa kolawulo lomngcipheko kwiSebe;
- Ukuhlolwa komiliselwa loMgaqo-nkqubo weSebe woLawulo loMngcipheko, iQhinga nesiCwangciso soMiliselo;
- Ukuvavanywa kokusebenza amaqhinga odanjiso ukulungisa iqhinga lemathiriyeli, iinqobo ezisesikweni kunye nemingcipheko yolwaphulo-mthetho loqoqosho;
- Ukunkwa kwengxelo kwiGosa eliNika iNgxelo nakuziphi na iinguqu kwimbonakalo yomngcipheko weSebe;
- Ukuqwalaselwa kokuchongwa komngcipheko ovelayo;
- Ukuvavanywa ngokutsha kwesiCwangciso soBuhophololo noRhwaphilizo yaye nokuhamba nako isiCwangciso soMiliselo ze kundululwe ulwamkelo liGosa eliNika iNgxelo;
- Ukuhlolwa kokumiliselwa kwesiCwangciso sesebe sokuMiliselwa koLawulo lweenqobo ezisesikweni; kunye
- Nokunikezelwa kolongamelo kulawulo lweenqobo ezisesikweni kwiSebe.

## Imingcipheko engundoqo eqwalaselweyo yaze yalungiswa kwisithuba sonyaka

Le mingcipheko yeqhinga engundoqo ilandelayo yeSebe ithe yavavanywa ngokutsha rhoqo ngekota, kubandakanywa ukuhlolwa udanjiso olukhoyo:

- Ukhusele lwabasebenzi abanikezela iinkonzo kwimimandla enikezela ngeenkonzo;
- Ukunganikezelwa kweenkonzo nguSASSA kubaxhamli ekubhekiselelwa kubo yiDSD (UNcedo oluthile loLuntu); kunye
- Ukungabikho ukulungisa ngokufanelekileyo izithintelo zekhono zeeNPO.

ISebe lilawula umngcipheko wokhuseleko kangangoki linakho, ngoko, ngenxa yabasebeni abasebenza kwimimandla enomngcipheko omkhulu basala besemngciphekweni yaye baxhomekeke kwiSAPS ukunceda ekunciphiseni imingcipheko kubasebenzi abasebenza ngaphandle kwe-ofisi. Eminye imingcipheko emibini ayikho ngokupheleleyo kulawulo lweSebe, nangona ichaphazela ikhono leSebe okokuba linikezele ngeenkonzo kwabona bantu basesichengeni bePhondo. Udanjiso kule mingcipheko luqwalaselwa ngokuqhubekayo yaye udanjiso olwangezelelweyo iyamiselwa ukuba linakhi.

Imingcipheko yenkqubo nganye yaxoxwa kwiintlanganiso zarhoqo ngekota ze-ERMCO. Abalawuli benkqubo badingeka okokuba banikezele ngengxelo yenkqubela phambili ngomiliselwa lwezicwangciso zokusebenza ukunciphisa ukungabakho kweemingcipheko evelayo kune/okanye impembelelo xa ithe yavela. I-ERMCO igqithise ngokunjalo imingcipheko kubanini bomngcipheko, edinga uhlahlelo olungaphezulu ze kundululwe udanjiso olwangezelelweyo okanye izenzo zokulawula imingcipheko.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yeNtlangano yeNtlalo inikezele ngolongamelo oluzimeleyo lwenkqubo yeSebe yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikezelwa iingxelo zarhoqo ngekota zenkqubela phambili ze-ERM kunye neerejista zomngcipheko ukumiliselwa indima yayo yolongamelo lwayo oluzimeleyo.



## Imingcipheko engundoqo evelayo kunyaka-mali olandelayo

Imingcipheko engundoqo evelayo ekufuneka iqwalaselwe kunyaka-mali olandelayo iphathelene nekhono leSebe ukuba liqhubeke ze lifumane kwakhona ushishino lwalo ngethuba nasemva kobhubhane weCOVID-19 nokusabela kwintlekele yokuzondelelwa kwamalungelo oluntu enxulunyaniswa nayo, kulungelelwaniswa iinzame zabo bonke abachaphazelekayo abafanelekileyo.

### Isiphelo

Kukho inkqubela phambili kulawulo lemingcipheko ngokubanzi kwiSebe. Apho ulawulo lweminye imingcipheko ingekho ngokupheleleyo phantsi kolawulo lweSebe, imingcipheko ihlala ikwiqondo eliphezulu. Le mingcipheko isoloko ivavanywa rhoqo kunye nabanye abachaphazelekayo (umz. iiNPO, amasebe ephondo kunye namaqumrhu abucala azimeleyo karhulumente) kulungiselelwa ingcaciso kunye nengqiqo engcono, ngokuphathelele kumaqondo abo lovunyelwano, imiba yodanjiso efana neendleko nokulunga kwenkonzo efunyenweyo.

### 3. Ubuqhophololo noRhwaphilizo

Ubuqhophololo norhwaphilizo lumele imingcipheko emikhulu engakho kwii-asethi zeSebe yaye inganempembelelo embi kunikezelo lwenkonzo olufanelekileyo nokundiliseka kweSebe. IWCG yamkele iQhinga eliChasene noRhwaphilizo eliqinisekisa ukungabamkeli kwephondo ubuqhophololo norhwaphilizo. Ngokuhambelana neli qhinga iSebe lizibophelele libhekiselele nokulwa korhwaphilizo okanye ubuqhophololo, nokokuba ingaphakathi okanye ingaphandle ze iyilandele ngamandla ze iyitshutshise ngazo zonke iindlela elinazo, nawo nawaphi na amaqela enza imisebenzi enjalo okanye azama ukwenza njalo.

ISebe linesiCwangciso esamkelweyo sokuThintelwa koBuqhophololo kunye nesiCwangciso soMiliselo sokuThintelwa koBuqhophololo. Imijelo eyahlukeneyo elungiselelwe ukuchazwa kwezityholo zobuqhophololo norhwaphilizo ikho yaye le ichazwe yacalulwa kwiQhinga lePhondo lokuLwa noRhwaphilizo nakwisiCwangciso seSebe sokuThintelwa koBuqhophololo. Isityholo ngasinyeesamkelweyo yiYunithi yeeNkonzo zePhondo zaseNkundleni (PFS) siyarekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweTyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukulungiselela ukunika ingxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo kumatyala anxulumene neSebe ze kuveliswe iinkcukacha zamanani kulungiselelwa iphondo neSebe.

Abasebenzi abathe baxela urhanelo lobuqhophololo, urhwaphilizo kunye nobusela bakhuselekile ukuba bangenza ubhengezo olukhuselweyo. Kule meko uMgaqo-nkqubo onqamlezileyo wokuNtama wamkelwa ukulungiselela ukunikezela ngezikhokhelo kubasebenzi ngendlela yokuphakamisa iinkxalabo kunye nolawulo olufanelekileyo, abantu abatyunjweyo abathe ngqo kwiWCG okanye amaziko angaphandle, apho kukho imihlaba efanelekileyo yokukhokhelwa okokuba ukwaphulwa komthetho okanye ukungafaneleki kuthe kwaqhutyelwa phambi kwi WCG. Ithuba lokuhlala ungaziwa kufuneka linikezelwe nakuwuphi na umntu ongathanda ukuchaza izenzo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo yaye ukuba bathanda ukwenza oko ngokwabo, ukuba bangobani kugcinwa kuyimfihlo ngumntu lowo kunikwa ingxelo kuye.

Ukuba ngaba emva kophando ubuqhophololo okanye urhwaphilizo luqinisekisiwe emva kokuqakunjelwa kophando, umqeshwa ofanelekileyo othabathe inxaxheba kwezi zenzo usiwa kululeko. Kuzo zonke ezi meko, ummeli we-WCG oqala iinkqubo zoluleko udingeka ukuba andulule ukululekwa kwaloo msebenzi uchaphazelekayo. Apho ubungqina boluvo bokuziphatha ngobugebenga buthe bafunyanwa, umba wolwaphulo-mthetho uyaxelwa SAPS.

Ukulungiselela unyaka ophantsi kovavanyo, iPFS ikhuphe isiqinisekiso sokudluliselwa kwetyala ukwenzela iSebe liqaphele oku kulandelayo:

Amatyala	Number
Amatyala avuliweyo ukuya kuthi ga ngowokuqala kuEpreli wama-2019	4
Amatyala amatsha (2019/20)	3
Amatyala avaliwweyo (2019/20)	(4)
Amatyala avuliweyo ukuya kuthi ga ngowama-31 kuMatshi wama-2020	3

Le theyibhile ilandelayo ihlalutya nangakumbi amatyala athe avalwa njengoko kwalathisiwe ngentla apha:

Uhlobo nesiphumo sophando samatyala ama-4 athe avalwa
Izityholo zathi zangqineka kumatyala ama-2:
<input type="radio"/> Amatyala amabini okungalungelelani kunye/okanye okungahambelani <input type="radio"/> Kumatyala ama-2 uphando lwaqakunjelwa akwabikho okubi okufunyanwayo.

#### 4. Ukuncitshiswa koNgquzulwano loMdla

Umgangatho ophezulu weenqobo ezisesikweni zobuchule kufuneka ukhuthazwe yaye ugcinwe kwinkonzo karhulumente. Kule meko, onke amalungu eNkonzo yaBalawuli abaPhezulu (SMS) adingeka ukuba abhengeze kugunyaziwe ophezulu iinkcukacha zawo wonke umdla wabo ngokuhambelana neSahluko 2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente sama-2016. Injongo yeSahluko 2 kukuchonga naluphi na ungquzulwano lomdla ukulungiselela ukukhuthaza imisebenzi yolawulo enobulungisa nelungileyo yamagosa akwizikhundla eziphezulu ukwenzela ukukhusela iinkonzo zikarhulumente kwizenzo ezinokuthi zibe nefuthe elibi ekusebenzeni kwawo. Ubhengezo olunjalo lwenzeka rhoqo ngonyaka. Xa kuthe kwavela naluphi na ungquzulwano lomdla kuya kujongwana nalo, ngokuhambelana neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016 kunye nemithetho enxulumene nayo.

Ngokuhambelana necandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente, (njengoko ulungisiwe), abaqeshwa abakwinkonzo karhulumente banakho ukwenza omnye umsebenzi ohlawulayo ngaphandle kwengqesho yabo yesebe elifanelekileyo, ngaphandle kokuba banemvume ebhaliweyo ephuma kuGunyaziwe oLawulayo. Ngaphezu koko, uMimiselo 13(c) weMimiselo yenkonzo kaRhulumente yowama-2016 othe waqalisa ukusebenza ngomhla wokuqala kwinyanga ka-Epreli wama-2016 ukhokhela into yokokuba “umqeshwa akasayi kuqhuba lushishino nalo naliphi na isebe likarhulumente, ngaphandle kokuba umqeshwa lowo ukwisikhundla ezisesikweni sokuba ngumlawuli wenkampani edweliswe kwishedyuli 2 neye-3 yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente.” Abaqeshwa abangekafumani imvume eyimfuneko yokwenza omnye umsebenzi ohlawulayo ngaphandle kwenkonzo karhulumente (RWOP) baya kululekwa.

Ngokuveliswa kweMimiselo yeNkonzo kaRhulumente wama-2016 iSihlomelo 1 (Amalungiselelo eNguqulelo), efundwa kunye neCandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente uxinzelelo olukhulu lubekwa kubaqeshwa abaqhuba ushishino nesebe likarhulumente. Imiqathango yeNguqulelo ngokuhambelana neSihlomelo 1 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente, 2016 idinga ngokuthe ngqo:

- (1) Zonke iimvume nezithatyathwa njengemvume ezinikezelweyo kubasebenzi ngokwemiqathango yeCandelo 30 loMthetho ngaphambi kokuba usebenze yomiso oluqikelelwayo kumthetho 24 ziya kurhoxiswa ukususela kwiinyanga ezintandathu emva kokuqaliswa ngoko.
- (2) Umqeshwa, othe ngethuba lokuqalisa kokusebenza kwale mithetho, waqhuba ushishino kunye nesebe likarhulumente okanye abe ngumlawuli kwinkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente, ngaphandle kokuba ngumqeshwa okwisikhundla sakhe ezisesikweni engumlawuli wenkampani edweliswe kwishedyuli 2 okanye 3 yoMthetho kaRhulumente woLawulo lweMali, uya kuthi -

- (a) kwisithuba senyanga enye, abhengeze into yokokuba umqeshwa uqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye ungumlawuli wenkampani
- (b) eqhuba ushishino nesebe likarhulumente; (b) kwisithuba seenyanga ezintandathu:
- (i) ayeke ukuqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye arhoxe njengomqeshwa;
- (ii) arhoxe njengomlawuli wenkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente okanye arhoxe njengomqeshwa;
- (c) ukuba umqeshwa akarhoxi kwisithuba seenyanga ezintandathu, umqeshwa kufuneka angenise ubungqina bokuba uyekile ukuqhuba ushishino okanye urhoxile njengomlawuli wenkampani eqhuba ushishino nesebe likarhulumente kwisithuba senyanga yokwenza njalo.

Ukuchongwa kwezehlo zabaqeshwa abavela kwiCSD ziyalungiswa nabaqeshwa abafanelekileyo, becelwa ukuba basebenzise izigqibo zabo njengoko kuqikelelwe kwimiqathango yenguqulelo, ngasentla, nokunikezela iSebe ngobungqina obubhaliweyo obuyimfuneko besigqibo sabo.

Abaqeshwa abafuna ukwenza umsebenzi ongomnye weRWOPS, kufuneka benze isicelo ngokuhambelana neCandelo 30 loMthetho weNkonzo kaRhulumente noLawulo (MPSA), obandakanya ifomu yesicelo elungisiweyo, ekufuneka ingeniswe kwiGosa elityunjiweyo leeNqobo ezisesikweni ukuxhasa kunye/okanye banike isizathu/izizathu sokungasixhasi isicelo, phambi kokunikezelwa kwemvume nguGunyaziwe oLawulayo okanye nguGunyaziwe oThotyelwe amagunya. Kwakufumaneka imvume uGunyaziwe oLawulayo okanye uGunyaziwe oThotyelwe amalungelo ukhupha isiQinisekiso: Imvume yoMnye uMsebenzi oHlawulayo, kusaziswa umenzi wesicelo okokuba imvume inikezelwe. Isiqinisekiso siqaqambisa ngokucacileyo nguwuphi umsebenzi ohlawulayo ongaphandle kwenkonzo karhulumente umntu anakho ukuwenza kubandakanywa nesithuba sokuwenza. Isiqinisekiso sichaza into yokokuba ukuba ngaba kunokufumaniseka ukuba kukho ukungahambelani okanye ukungathotyelwa kwemithetho karhulumente elawula omnye umsebenzi ohlawulayo, kubandakanywa nokungaqhutywa koshishino nesebe likarhulumente, imvume iya kurhoxiswa ze amanyathelo oluleko, ahambelana neMiqathango yoLuleko neeNkqubo elungiselelwe iNkonzo kaRhulumente, iya kumiliselwa. Ukhankanyo luyenziwa ngokunjalo lokokuba ukuba ngaba umntu ufuna ukuqhubeka nomnye umsebenzi ohlawulayo emva komhla wokuphela kwemvume, isicelo esisesinye kufuneka singeniswe.

Zonke izicelo kufuneka zibe ze zibhaliweyo, yaye kufuneka, phakathi kwezinye, ziqwalasele uhlobo nobungakanani bomsebenzi ohlawulayo ekufuneka wenziwe, kubandakanywa amaxesha/iiyure zomsebenzi nobudlelwane ngoko (ungquzulwano lomdla olungakho okanye imimandla yenkxalabo) kwimisebenzi yesiqhelo athi umqeshwa ayenze kwinkonzo karhulumente. Izicelo ezinjalo zixhomekeke ngoko kuvavanyo. Abaqeshwa kufuneka benze izicelo rhoqo ngonyaka phambi kokuphela kwesithuba semvume nguMphathiswa oLawulayo okanye nguMphathi oThotyelwe amagunya. Amaphepha eendaba arhoqo ngekota, aqaqambisa inkqubo emalunga nokuqhutywa komnye umsebenzi ohlawulayo ongaphandle kwenkonzo karhulumente unikezelwa kubo bonke abasebenzi bangaphakathi ukuphucula ingqiqo yabo nohambelwano kunye nesicwangciso-nkqubo esilawulayo.

Ngaphezulu, amagosa eenkqubo ezisesikweni atyunjwa nguMphathiswa oLawulayo ukulungiselela ukubeka iliso kuhambelwano olubhekiselele kwizibhengezo. Ukunciphisa ungquzulwano lomdla kwiinkqubo zeSCM, amagosa eSCM kunye namalungu eKomiti yokuNikwa kwamaxabiso aziswa ngeziguqunyaziso zawo enqobo ezisesikweni kubandakanywa ukusayinwa kweKhowudi yokuZiphatha, ngamalungu eKomiti yokuNikwa kwamaxabiso namagcisa eSCM. Ngethuba lengqwalasela, ulwamkelo okanye ulwabiwo lonikezelo lwamaxabiso okanye naluphi na unikezelo lwefomu yesibhengezo somhla iqukunjelwe ze yasayinwa ngawo onke amalungu apho azibophelelayo okokuba njengamalungu ekomiti, akasayi kukhetha okanye agwebe nawuphi na umntu kwinkqubo yokwenziwa kwesigqibo yekomiti. Ukuqinisekisa ngohambelwano kuMthetho weNkonzo kaRhulumente, (njengoko ulungisiwe) kunye neMithetho yeNkonzo kaRhulumente, 2016 uMgaqo-nkqubo oNqamlezileyo weZipho kunye neRejista yeSebe yeZipho naMalizo kunye nezibhengezo ezibhaliweyo ziyasebenza. IKomiti uyeNqobo ezisesikweni yoPhando, esekwe ngowama-2009, iqinisekisa ngokunjalo ukukhuthazwa kophando olusekwe kwiinqobo ezisesikweni kwiSebe. Ukuphuhlisa

nkqubo weNqobo ezisesikweni zoPhando kuphelele ekunikezelweni kwezikhokhelo zenqubo ezisesikweni ukulungiselela ukuqaliswa kophando.

## 5. Indlela yokuZiphatha

UMqulu oNgendlela yokuZiphatha kwaBasebenzi baseBurhulumenteni, njengoko ibandakanywe kwiSahluko 2 kwimimiselo yeNkonzo kaRhulumente ngumqulu "owamkelwayo". Indlela yokuZiphatha: ichaza iithethe nemigaqo ekukhuthazeni imfezeko, kunye nokunikezelwa kweenkonzo okufanelekileyo nokusebenzayo kuluntu, luhlu lwemigangatho echaza indlela yokuziphatha esiyilindeleyo kubaqeshwa bethu; izikhokhelo kubaqeshwa ngekulindelweyo kubo okusesikweni, ngendlela yomntu ngamnye nobudlelwane babo kunye nabanye; kunye nabo bonke abaqeshwa balindelwe ukuba bahambelane nendlela yokuziphatha. Ulwazi malunga nalo Mqulu weNdelela yokuZiphatha lwaveliswa ngokusetyenziswa kogaqesho lokubekwa esikhundleni kulungiselelwa abaqeshwa, abafunda besengqeshweni ngokunjalo namalungu abasebenzi ze yaqiniswa ngeencwadana zendaba ezinikezelwe kubo bonke abasebeni. IMiqathango yoLuleko neNkqubo ezilungiselelwe iNkonzo kaRhulumente ziyasetyenziswa ukukhuthaza kwesimilo esamkelekileyo, nokuthintela nokulungisa isimilo esingamkelekanga

Indlela yokuziphatha yobuchule elungiselelwa amachule enkonzo yoluntu yabandakanywa ngokunjalo kwisithuba seenkqubo zeSebe zokuMiselwa esikhundleni. Ngethuba lalo mjikelo wokusebenza uMgcini-zincwadi weBhunga loMzantsi Afrika lwamaChule eNkonzo yoLuntu (SACSSP) uqhube ngokunjalo ithuba kwabanezidanga bavo bomsebenzi wentlalo abangama-96 ngeNdelela yokuZiphatha elungiselelwe amaChule eNkonzo yoLuntu. UMgcini-zincwadi utyelele ngokunjalo onke amaZiko oLolongo oluKhuselekileyo apho wanikezela uvavanyo ngokubanzi kwindlela yokuziphatha kwamachule anxulumene nomsebenzi wentlalo.

## 6. Imiba yeMpilo, yoKhuseleko neNdalo

Imingcipheko yempilo nokhuseleko eSebeni yohluka ngokwezehlo ezenzeka kwii-ofisi kunye namaziko ohlukeneyo ukwenyukela ke kuye kuthi ga kwezinye iingozi ezingaba nobuzaza ezifana nokwenzakala emzimbeni yiyo ke le nto kukho isidingo sokwenziwa kweemvavanyo zomngcipheko wempilo yabasebenzi rhoqo ngonyaka.

ISebe liye lazinikela ekuqinisekiseni ukuthotyelwa kwemithetho elawula imicimbi yokhuseleko, izinikezelo zemithetho kwakunye neendlela zokuziphatha ngokuthi kuqeshwe ngokwemigaqo yeCandelo 16(2) abathunywa nabameli bezempilo nokhuseleko, abasebenzi abajongene nokukhupha abanye ngokukhawuleza kwisakhiwo, aboncedo lokuqala, ukumiselwa kweekomiti zokhuseleko kwakunye nekomiti yokhuselo. Ukuze kube nokusoloko kuphuhliswa ze kwakhiwe izakhono zala magosa amiselwe lo msebenzi kwathi kwanikezelwa uqaqesho kwanikezelwa ngoqaqesho lokuba ziimashali zemigangatho, olokuba ngababemeli bezokhuseleko, olokuncedisa ekucinyweni komlilo kwanoloncedo lokuqala.

ISebe liqalise ngoqaqesho loNcedo lokuQala olulungiselelwe onke amagosa alingwayo ukuqinisekisa ngento yokuba ayahambelana neemfuno zoqinisekiso zeenkqubo zophambuko. Zonke izithuthi zikaRhulumente nazo zixhotyiswe ngeeKifi zoNcedo lokuQala.

Iitsheklisti zarhoqo ngenyanga zingenisiwe ukulungiselela ukulandela uhambelwano lomilisele lweemfuno zoMthetho weMpilo eNgqeshweni noKhuseleko (OHS) kwi-ofisi okanye kwiziko ngalinye. Imiba eqaqanjiswa kwiitsheklisti ilungiswe mhlawumbi kwiSebe okanye liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente. ISebe libandakanye uhambelwano (OHS) lwazo zonke izakhiwo/amaziko kwi-U-AMP yeSebe lwayo kwiDTPW ngokunjalo nePT.

IKomiti yeSebe yezoKhuseleko iqinisekise ngokumelwa kwabalawuli abaphezulu abanoxanduva lwemicimbi yokhuseleko kuzo zonke ii-ofisi zeDSD, kwiindawo ekunikezelwa kuzo inkonzo kunye namaziko. IKomiti isasebenza kunangoku yaye ihlangana rhoqo ngekota. Ikwaziyo eqinisekise ukumiselwa kwezindululo zophicotho lwezokhuseleko kwanenkqubo yohlolo lweenkcukacha zokhuseleko eyathi yenziwa yiSAPS yeSebe lwayo kwine-Arhente yezoKhuseleko lukaRhulumente (iSSA), ngokulandelelana.

Amathuba olwazi lweOHS noKhuseleko aqhutywa kuzo zonke ii-ofisi kwiMetro North, Metro South, Metro East, eCape Winelands/Overberg, kwi-Ofisi eyiNtloko, eMalmesbury SDA,

iVredenburg SDA kunye nokujolisa kwiNgcaciso yoKhuseleko kweZiko loLolongo oluKhuselekileyo, uLawulo lweSango lokungena nokuphuma kunye neMpilo eNgqeshweni noKhuselo.

ISebe likwasamkele isidingo sokuqulunqwa, ukumiselwa nokugcinwa kwemigaqo-nkqubo, iinkqubo namalinge okuncedisa kwimeko apho

kuphazanyiswa ngokumandla inkqubo yoshishino lwesebe, yiyo ke le nto ibone kufanelekile ukuqulunqa iBCP. Kule BCP kukho isiCwangciso sokuSabela kwimeko yaManzi, isiCwangciso sokuSabela kuMlilo kwakunye nokuQhuba kokusebeza koMbane. iBCP ivakalisa amanyathelo eliya kuwathabatha iSebe ukuqokelela nokubuyisa iinkqubo zokuqinisekisa ukuqhubeka kwemisebenzi yoshishino oluphambili kusetyenziswa ezona ziseko zingephi

## 7. IiKomiti zasePalamente

Umhla	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti eSigxina
16 Julayi 2020	Ngethuba lokunikezelwa kwamabal'engwe yiKomiti eSigxina igqibe into yokuba iSebe linikezele kubo le ngcaciso ilandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>Uluhlu olucalulweyo kunye nemimandla yendawo yezikolo ezisemngciphekweni ezili-10 ezichongiweyo kulungiselelwa unyango lokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi kwiPhond; kunye</li> <li>Neenkukacha kwiKhefi zoLutsha ezi cwangcisiweyo kunye nengcaciso kwimimandla engakho echongiweyo.</li> </ul>	Ingcaciso eceliweyo yangeniswa kulungelelaniso lweKomiti ngomhla wama-20 kuSeptemba 2019.	UPhuhliso loLuntu
30 Julayi 2019	IKomiti igqibe ngokumema iSebe okokuba lenze amabal'engwe kwiKomiti ngeqhinga leNtshona Koloni elijolise ekunciphiseni isibetho sokubulawa kwabantwana kwiPhondo.	ISebe linike amabal'engwe kwiKomiti.	UPhuhliso loLuntu
13 Agasti 2019	Ngethuba lokunikezelwa kwamabal'engwe iKomiti eSigxina indulule okokuba: <ul style="list-style-type: none"> <li>ISebe kufuneka lilandele ukunganeli konoontlalo-ntle kunye neNtlalo-ntle yaBantwana eLaingsburg;</li> <li>IYunithi yeSebe yokuXhotyiswa kweXhoba kufuneka ilandele kunye neSikhululo samaPolisa saseLaingsburg malunga nokusetyenziswa ngaphantsi kokulindelekileyo kweVictim Friendly Room;</li> <li>IDSD kufuneka ibeke iliso amakhaya abantu abadala angaxhaswa ngemali ukuthintela ukuxhatshazwa kwabantu abadala nokuqinisekisa ngohambelwano; kunye</li> <li>Ngokuhambelana nololongo lodambiso, ubungakanani bokusebenza kweDSD kunye neDOH ekwenzeni isigqibo ngesimo sokokuba ingaba umntu kufuneka abe kwikhaya labantu abadala na okanye esibhedlele.</li> </ul>	ISebe lizivumile izindululo ezenziwe yiKomiti	UPhuhliso loLuntu
	Ngethuba lokunikezelwa kwamabal'engwe iKomiti eSigxina igqibe okokuba iSebe linikezele kulo ngengcaciso elandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>Uluhlu olucalulweyo lweeNPO ezixhaswe ngemali, imimandla, kunye neenkonziso ezinikezelweyo;</li> <li>Uluhlu lwemimandla yendawo lweeklabhu zabantu abadala ezixhaswa ngemali ezili-118 kunye</li> </ul>	Ingcaciso eceliweyo yangeniswa kulungelelaniso lweKomiti ngomhla wama-20 kuSeptemba 2019.	UPhuhliso loLuntu

Umhla	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti eSigxina
	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Nengcaciso ecalulweyo yanagosa okubekwa kweliso kwiNPO ezi-10 zeDSD kunye nokusasazeka kwendawo zale mimandla babekwe kuzo.</li> </ul>		
27 Agasti 2019	<p>Ukulandela utyelelo lweMbumba yeNtlalo kwi-ACVV Huis Malan Jacobs Old Age Home ngomhla wama-27 kuAgasit 2019 iKomiti eSigxina indulule ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● ISebe liphande ukwanda okungakho kweminikelo yamakhaya ololongo abantu ababuthathaka ukulungiselela amakhaya abe nakho ukuxhasa ngemali imivuzo yabongikazi abaqinisekisiweyo kunye nemivuzo yonoontlalo-ntle kwimimandla esemaphandleni ukulungiselela okokuba amakhaya abe nakho ukugcina ezi nkonzo zizodwa; kunye</li> <li>● Nokuphanda kweSebe imigaqo-nkqubo, umthetho kunye/okanye inkqubo yolungiso yamaziko ololongo lwababuthathaka okanye aBantu aBakhubazekileyo kwimimandla yasemaphandleni kunye nekhono lokubafudusela kumaziko ololongo lwababuthathaka afana namakhaya abantu abadala kummandla.</li> </ul>	ISebe lizivumile izindululo ezenziwe yiKomiti	UPhuhliso loLuntu
	<p>Ngethuba lotyelelo loBumbano lweNtlalo iKomiti eSigxina igqibe okokuba iSebe linikezele kubo ngale ngcaciso ilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ingxelo yezicwangciso (ukuba zikho) ukuphuhlisa iziko lwaBantu aBakhubazekileyo okanye lolongo lwababuthathaka eLaingsburg;</li> <li>● Ikopi yeengxelo zarhoqo ngekota zekhaya zonyaka-mali wama-2018/19;</li> <li>● Iikopi zayo yonke imigaqo-nkqubo ye-ACVV;</li> <li>● Ingxelo engeenkono zomsebenzi wentlalo ekhoyo eLaingsburg; kunye</li> <li>● Nekopi yembalelwano ethe yathunyelwa yi-ACVV Huis Malan Jacobs Old Age Home kwiDoH enxulumene nokunganeli nokukhutshwa kwamayeza ezifo ezingapheliyo.</li> </ul>	Ingcaciso eceliweyo yangeniswa kulungelelaniso lweKomiti ngomhla wama-29 kuNovemba 2019.	UPhuhliso loLuntu
28 Agasti 2019	<p>Ukulandelwa kotyelelo lweMbumba yeNtlalo kwi-Ofisi yeSebe ngomhla wama-28 ki-Agasti 2019 abathunywa bandulule okokuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Kwixa elizayo, iintetho kufuneka ziqulunqwe ze zithiwe thaca ngamagosa kwiziko ayiqondayo imingeni ejamelene naloo ndawo;</li> <li>● I DSD neCape Access kufuneka zihlangane ze zisee iiKhefi zoLutsha kwiThusong Centre njengoko besabelana ngesakhiwo esinye; kunye</li> <li>● NeDSD kufuneka isebenze neDTPW ukufumana indawo ye-ofisi efanelekileyo ukulungiselela amagosa nabaxhamli beDSD eLaingsburg.</li> </ul>	ISebe lizivumile izindululo ezenziwe yiKomiti	UPhuhliso loLuntu
	<p>Abathunywa bacele okokuba iSebe linikezele ngengcaciso elandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ingxelo ecalulweyo ngenani labafundi abashiye phakathi esikolweni eLaingsburg elungiselelwe iminyaka-mali yowama-2016/17, 2017/18 kunye nowama-2018/19;</li> </ul>		UPhuhliso loLuntu

Umhla	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti eSigxina
	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Ikopi yesivumelwano senqanaba lenkonzo kunye eChild Welfare South Africa eLaingsburg;</li> <li>● Ikopi yesivumelwano sentlawulo ekhutshelweyo phakathi kweChild Welfare South Africa eLaingsburg kunye neSebe;</li> <li>● Ingxelo ecalulweyo engendibano yabachaphazelekayo eLaingsburg;</li> <li>● Uluhlu olucalulweyo lweenNPO ezibhalisiweyo kunye neenkonzo ezinikezelwe zeziNPO eLaingsburg;</li> <li>● Ingxelo ecalulweyo ngenkqubo yokufunwa kwabasebenzi beDSD ukubonisa ixesha elithatyathwayo ukuvala izithuba kwiSebe;</li> <li>● Ingxelo ngesicwangciso sokufumana indawo efanelekileyo yeDSD eLaingsburg;</li> <li>● Ingcaciso ecalulweyo ngeZiko lokuXhatshazwa lokuzinziswa kweDSD;</li> <li>● Ingcaciso ngenani Labantwana ababhalisiweyo eLaingsburg kunye nomthamo wamatyala axeliweyo bokudlakathisa abanye abantwana;</li> <li>● Inani elipheleleyo lwabantwana ababhalisiweyo nabantu abadala abakhubazekileyo eLaingsburg;</li> <li>● Ulwahlulo olucalulweyo lwenani lwezithuthi ezabelwe kwii-ofisi zeDSD eLaingsburg nenani lezithuthi ezabelwe inkonzo nganye yentlalo-ntle yabantwana eLaingsburg;</li> <li>● Ingxelo ngohlalelo lweemfuno kulungiselelwa ubhaliso lwee-CYCC eLaingsburg;</li> <li>● Uluhlu lwabasebenzi nezithuba zamagosa eDSD eLaingsburg; kunye</li> <li>● Nenqanaba lengxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo kukuzaliswa kwezithuba zonoontlalo-ntle eLaingsburg.</li> </ul>		
<p>17 Septemba 2019</p>	<p>Ngethuba sotyelelo lokongamela olungachazwa kwangaphambili kwiprojekti yoPhuhliso lwaMabhinqa naBantwana eKayamandi naseRusthof Old Age Home ePaarl-East iKomiti eSigxina yagqiba okokuba ice iSebe libanikezele ngekopi yengxelo yalo entsha yotyelelo (ukubekwa kweliso novavanyo) oluqhutywa liSebe kwiRusthof Old Age Home ePaarl-East.</p>	<p>Ingcaciso eceliweyo yangeniswa kulungelelaniso lweKomiti ngomhla wama-29 kuNovemba 2019.</p>	<p>UPhuhliso loLuntu</p>
<p>13 Matshi 2020</p>	<p>Ngethuba lokunikezelwa kwamabal' engwe iKomiti eSigxina indulule ukuba iSebe:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Licamngce ngendlela elinganceda ngayo iRusthof Old Age Home ePaarl ekufumaneni enye indawo;</li> <li>● Licamngce ngendlela elinganceda ngayo iProjekti yoPhuhliso lwaMabhinqa naBantwana yaseKayamandi ngesicelo sayo senkxaso-mali kunye nemingeni ephathelelene nezo ndawo zikhoyo zee-NGO; kunye</li> <li>● Nokumenywa kweKomiti kunikezelo lwayo lokuqala olusesikweni lomqulu wokuqala wezishubelo zasexheseni kwizikolo.</li> </ul>	<p>ISebe lizivumile izindululo ezenziwe yiKomiti</p>	<p>EzeMpilo</p>
	<p>Ngethuba lokunikezelwa kwamabal' engwe iKomiti eSigxina igqibe okokuba iSebe libanikezele ngale ingcaciso ilandelayo:</p>	<p>Ingcaciso eceliweyo yangeniswa kulungelelaniso</p>	<p>EzeMpilo</p>

Umhla	Umba	Impendulo yeSebe	IKomiti eSigxina
	<ul style="list-style-type: none"> <li>● Uluhlu olucalulweyo lwazo zonke izikolo eziya kubonelelwa kwiProjekti yeSanitary Dignity Project;</li> <li>● Inkqubo ecalulweyo, umgaqo-nkqubo neenkukacha zohagamshekwano zabantu abalawula iprojekti yesondlo soluntu nophuhliso lweziko ; kunye</li> <li>● Neekopi zayo yonke imithetho esebenza kwiSebe loPhuhliso lweNtlalo kwiphondo nakwisizwe. Esi siculo yingqikelelo yovavanyo ngokutsha olungekagqitywa kunye nolungiso lomthetho wophuhliso loluntu kwinqanaba lephondo nelesizwe.</li> </ul>	IweKomiti ngomhla wama-30 kuEpreli 2020.	

### 8. IziGqibo zeKomiti eSigxina ngee-Akhawunti zikaRhulumente (SCOPA)

IKomiti iyithabathele ingqalelo imbono yophicotho-zincwadi ye-AGSA ephathelelene neengxelo zonyaka zemali zonyaka-mali wama-2018/19 weSebe, ekubeni lifumene ingxelo engenaziphene ukususela ngowama-2017/18.

#### Imbono yophicotho-zincwadi

I-AGSA ayiphakamisanga miba eyifumeneyo ngohambelwano lweSebe nemithetho nemimiselo, okanye iinjongo ezimiselwe kwangaphambili okanye intsilelo kulawulo lwangaphakathi.

#### ULawulo lweMali

Ngethuba lonyaka-mali wama-2018/19, iSebe lichithe amawaka ezigidi ezi-R2.231 yohlahlo-lwabiwo lwamawaka ezigidi ezi-R2.246, ebe nomphumela kwinkcitho ngokubanzi engahantsi yezigidi ezili-R15.312 (0.68 yepesenti).

Inkcitho engaphantsi ngokubanzi kwiSebe ibhekiselele kwinkcitho engaphantsi kwiCoE ngenxa yokungafunyanwa kwabagqatswa abafanelekileyo kwinkqubo yokufunwa kwabasebenzi, ulityaziso kwiDPSA nolwamkelo lweenkqubo ze-OD, kunyuselo lwangaphakathi nokushiya kwabasebenzi engqeshweni, nokungahambelani kwee-NPO kwi-ECD noLolongo oluNgaphelanga kwezi nkqubo zilandelayo:

- INkqubo 1: ULawulo;
- INkqubo 2: Iinkonzo zeNtlalo-ntle yoLuntu; kunye
- INkqubo 3: ABantwana neeNtsapho.

IKomiti iqaphele ngaphezulu into yokuba iSebe liqokelele isigidi esi-R1.381, esivela kokujoliswe kuko kuqokelelo oluqikelelweyo lwesigidi esi-R1.070, olube nomphumela woqokelelo olungaphezulu olungaphezulu lwamawaka angama-R311.

Ingeniso yoqokelelo olungaphezulu yenzeke phantsi kwale miba ilandelayo:

- Intengiso yempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu;
- Inzala, izahlulo nerhente kumhlaba; kunye
- Iintengiselwano zemali kwii-asethi namatyala.

IKomiti iqaphee okokuba iSebe alenzanga nayiphi na inkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi kunyaka-mali wama-2018/19.

Imvelaphi/Inkxalabo	Izigqibo	Umhla womsebenzi	Isenzo esenziweyo
IKomiti icele ukuba iSebe liyinikezele ngengcaciso elandelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>● Ikopi yoMgaqo-nkqubo woNcedo lweNtlalo.</li> <li>● Ingxelo echaza indlela oomasipala abasebenzisa ngayo izicwangciso zoncedo lweentlekele kwiimeko ezingxamileyo. Oku kufuneka</li> </ul>	Yonke ingcaciso eceliweyo yanikezelwa kwiKomiti.	Ingcaciso ingenisiwe.	Hayi.



Imvelaphi/Inkxalabo	Izigqibo	Umhla womsebenzi	Isenzo esenziweyo
<p>kubandakanye isithuba sokokuba ingaba iSebe liya kuyiqulunqa nini iKomiti yoLawulo lweNtlekele yangaphakathi.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>● Uluhlu loMsebenzi ofumana uMvuzo ongaphandle kwezicelo zeNkonzo kaRhulumente (RWOP). Uluhlu kufuneka lubonakalise oko kuthe kwavunywa noko kungavunywannga kulungiselewa unyaka-mali ophantsi kovavanyo.</li> <li>● Uluhlu lwazo zonke iintlawulo ezithe azahlawulwa kwisithuba seentsuku ezingama-30, kubandakanywa izizathu salo naluphi na uphambuko kwisiqhelo seentsuku ezingama-30.</li> <li>● Ucalulo lwee-asethi oluxabisa izigidi ezi-R4.636, njengoko kubonisiwe phantsi kweNqaku 4 kwiphepha lama-201 leNngxelo yoNyaka.</li> <li>● Uluhlu olunika ucalulo lwamanani abasebenzi (ngokwenqanaba lomvuzo) abafumana iibhasari ezivela kwiSebe.</li> <li>● Ucalulo lweendleko lwayo nayiphi na inkqubo olwathi lwafezekiswa nge-100 leepesenti.</li> <li>● INgxelo enikezela ngohlaziyo lwenkcitho engaphantsi yeSebe, ngesikhokhelo esithe ngqo kwizithuba ezingazaliswanga ezingakhange zizaliswe kunyaka-mali wama-2018/19, kubandakanywa isicwangciso sokusebenza sokuzaliswa kwezithuba ezingazaliswanga.</li> </ul>			

### 9. UkuLungiswa kwaNgaphambili kwiNgxelo zoPhicotho-zincwadi (2019/20)

Uhlobo lwekhwiniba, isilandulo, imbono engentle kwakunye nemiba yokuphambuka	Unyaka-mali evele ngawo okokuqala	Inkqubela phambili ethe yenziwa ekususeni / ekusombululeni le nyewe
<ul style="list-style-type: none"> <li>● <b>Imbono engenamakhwiniba ngokuba lulutho kwanokuchaneka</b></li> <li><b>Imbono yoPhicotho engenaMakhwiniba:</b> iinkcukacha ezithe zadluliswa njengengxelo yentsebenzo yeNkqubo 2 – kwiinkonzo zentlalontle yoluntu zilulutho yaye zichanekile, ngokwemigaqo yeenkqubo esetyenziswayo ethe yaqulunqwa ngokuthatyathelwa kwisikhokelo solawulo lwentsebenzo nokuqulunqwa kweengxelo</li> <li><b>Imbono yoPhicotho engenaMakhwiniba:</b> iinkcukacha ezithe zadluliswa njengengxelo yentsebenzo yeNkqubo 3 – kwezingabantwana zilulutho yaye zichanekile, ngokwemigaqo yeenkqubo esetyenziswayo ethe yaqulunqwa ngokuthatyathelwa kwisikhokelo solawulo lwentsebenzo nokuqulunqwa kweengxelo</li> </ul>	<p>2018/19</p>	<p>-</p>

### 10. IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi

Ejolise kuko iYunithi kunyaka ophantsi kovavanyo ibe ikakhulu kwimimandla yoLawulo oluLungileyo, iiNkonzo zeNgqinisekiso kunye noLawulo lokuQwalaselwa kweLahleko.

#### ULawulo oluLungileyo

ISebe lenze imisebenzi elandelayo ngokuphathelele kulawulo lwangaphakathi:

- Ukunikezelwa kwengxelo rhoqo ngenyanga ngenqanaba kweNkcitho engalungelelaniyo nengenaZiqhamo kunye neyiLahleko (IYM).
- Ukulawula iifayile zamatyala enkcitho engalungelelananga, engaGunyaziswanga nengenaZiqhamo neyiLahleko.
- Ukuqhutywa kophando ngeNkcitho engalungelelananga, engaGunyaziswanga nengenaZiqhamo neyiLahleko.
- ISebe lisebenzisa inkqubo ye-ORACLE ukulawula iNkcitho engalungelelananga, engaGunyaziswanga nengenaZiqhamo nengenaZiqhamo neyiLahleko kunye nokulahleka kolawulo.
- Ukubekwa kweliso nokumiliselwa kwezindululo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi nolwangaphandle ngokunjalo nezo zeMPAT kunye noVavanyo ngokutsha loLawulo lwequmrhu neMbonakalo (CGRO).
- Ukugcinwa kwerejista ngeZipho neMinikelo yeSebe nokunikwa kwengxelo rhoqo ngekota kulungiselelwa ukubandakanywa kwiiNgxelo zethutyana zoNyaka zeMali.
- Ukulungelelaniswa kweentlanganiso ze-ERMCO.
- Uhlaziyo ngokutsha kweZigunyaziso zeMali neSCM.
- Ukunikwa kwengxelo yarhoqo ngenyanga ngentlawulo ezingenziwanga kwisithuba seentsuku ezingama-30 ukuya kwi-PT.
- Kwenziwa uphando ngeentlawulo ezingenziwanga kwisithuba seentsuku ezingama-30.

- ISebe liyinika ngqwalasele abachaphazelekayo abalandelayo, abangaba. IKomiti yoPhicotho-zincwadi, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, IPT kunye ne-AGSA ekuqokunjelweni kwemiba.
- IiForam ezine zeMal zabanjwa kwii-Ofisi zoMmandla kunye neZibonelelo.

### **IiNkonzo zeNgqinisekiso**

Ukulungiselelwa konyaka ophantsi kovavanyo kwakhona, okulandelayo:

- Ukuhlolwa kohambelelwano kwenziwa ukususela ngomhla wama-25 kuMatshi 2019 ukuya kowama-31 kuMatshi 2020 kwii-ofisi zommandla kwiivawutsha zentlawuo, kuqokunjelo lwezicelo ezingaphendulwanga zengcaciso ephathelelene nokufunyenweyo kokungahambelani, ngokunjalo nokunikezelwa kwenkxaso kubasebenzi bemali.
- Ukuqinisekiswa kweentlawulo emva kokuqwalaselwa ukulungiselela ukuqinisekiswa kokusebenza nokulungela okuchanekileyo kophicotho-zincwadi (+/- 41,661 iintlawulo)
- Onke amaxwebhu afotiwe kulungiselelwa ugcino olukhuselekileyo nanjengomqathango ukuthintela iintlawulo ezingenzelwanga umba ofanelekileyo okanye ukuphinda-phindwa kokuhlululwa kwento enye.

### **ULawulo lweLahleko noBuqophololo**

- Eli Sebe lisebenzisa i-ORACLE eyinkqubo Yolawulo Lwelahleko ngenjongo yokulawula ilahleko engumvuka wobusela, ukonakala, njalo-njalo;
- ISebe liyawahlonipha futhi liyawanakana la mahlakani alandelayo, angala, iNkonzo Yesipolisa kuMzantsi Afrika, iziko Leenkonzo Zoshishino – iCandelo Lezomthetho, iCandelo Lezithuthi Zaseburhulumenteni kwakunye neSebe Lemali lePhondo ekuqosheliseni kwemiba; yaye
- Kwisithuba salo nyaka-mali kwathi kwaqosheliswa ama-246 (kwiingozi ezibandakanya izithuthi zikarhulumente nokonakaliswa kwazo, nempahla yesebe) amatyala ze zathatyathwa njengezingasenkuphinda zisebenze.

## **11. Uphicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunye neeKomiti zoPhicotho**

ICandelo loPhicotho lwaNgaphakathi lunika abalawuli ingqiniseko ezimeleyo nengakhethe cala kwakunye neenkonzo zeengcebiso ezenzelwe ukufaka igxalaba kwanokusoloko ziphucula imisebenzi yeli Sebe. Lincediswa iSebe ukuze lifikelele kwizicwangciso zalo ngokuza nendlela eyiyo nehlanganyelweyo yokuvavanya nokuphucula intsebenzo yeenkqubo Zezolawulo, Ezolawulo Lomngcipheko Nezolawulo. Le misebenzi ingundoqo ilandelayo yenziwa kule nkalo:

- Kwenziwa uvavanyo ze kwenziwa iziphakamiso ezizizo ngokuphuculwa kwenkqubo yezolawulo ekuzuzeni iinjongo zeli Sebe;
- Kwenziwa uvavanyo lokuchaneka nokusebenza kwanokufaka igxalaba kwinkqubo yokulawulwa kwezinga lomngcipheko;
- Kwancediswa iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni iindlela zolawulo ezizizo, ezisebenzayo nezisemgangathweni ngokuthi kwenziwe uvavanyo kwezo nkqubo zolawulo ngenjongo yokukhangela indlela ezisebenza ngayo, kwanokuqulunqa iziphakamiso zokwenyusa umgangatho okanye zokuwuphucula.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi ogqitywe kulo nyaka uphononongwayo liSebe libandakanya ukubandakanyeka kweziqinisekiso ezithandathu kunye neendawo ezili 12 zokulandela. Iinkcukacha zokuzibandakanya zibandakanyiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengeziko lokongamela, ukubonelela ngokuzimeleyo kulawulo, ulawulo lomngcipheko kunye neenkqubo zolawulo kwiSebe, ezibandakanya ukongamela kunye nokuphononongwa koku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaphakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle (yi-AGSA);
- UkuThatyathwa koXanduva lweSebe nokunikezelwa kwengxelo;
- Imigaqo-nkqubo yokuThwalwa koXanduva lweSebe
- ULawulo lwe-AGSA nengxelo yoPhicotho-zincwadi;
- UkuBekwa kweLiso eNyakeni kweSebe;
- ULawulo loMngcipheko weSebe;
- ULawulo lwaNgaphakathi;
- IiNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili; kunye
- NoPhando lweNqobo ezisesikweni nolweNkundla.

Le theybhile ingezantsi apha ibhengeza ingcaciso ngamalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	Iziqinisekiso	Ngowangaphakathi okanye Ngaphandle	Ukuba ngowangaphakathi eSbeni	Usuku aashwe naalo	Usuku abeke Phantsi ngalo	Inani Lemihlangano ayizimasileyo
Mnu. Ameen Amod	MBA; CIA; CGAP; CRMA; BCom	Ngowa-ngaphandle	N/A	01 Janyuwari 2019 (yithemi yesibini)	N/A	7
Mnu. Ebrahim Abrahams	BCom (Hons)	Ngowa-ngaphandle	N/A	01 Janyuwari 2019 (yithemi yokuqala)	N/A	7
Mnu. Pieter Strauss	BAcc; BCom (Hons); CA (SA)	Ngowa-ngaphandle	N/A	01 Janyuwari 2019 (yithemi yokuqala)	N/A	7
Nksk. Annelise Cilliers	BCompt (Hons); CA (SA)	Ngowa-ngaphandle	N/A	01 Janyuwari 2019 (yithemi yokuqala)	N/A	7

## 12. INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi

Sanelisekile ukunikezela ingxelo yethu elungiselelwe unyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kuMatshi 2020.

### UXanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokokuba ihambelene noxanduva lwayo oluvela kwiCandelo **Section 38 (1) (a) (ii) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente kunye neMimiselo yeSizwe yeCandelo loLawulo-mali 3.1.13**. IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele iMigaqo yeSikhokhelo efanelekileyo esesikweni, ilawule imicimbi yayo ngokuhambelana nale Migaqo yaye imilisele lonke uxanduva lwayo njengoko luqulathwe apha.

### UkuSebenza koLawulo lwaNgaphakathi

Ngokuhambelana nePFMA kunye neNngxelo kaKing IV engeemfuno zoLawulo lweQumrhu, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunikezele iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo ngengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye luyasebenza. Oku kufezekiswe ngesicwangciso esamkelweyo esisekwe kumngcipheko wophicotho-zincwadi lwangaphakathi, ukuvavanywa koPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kokwanela kolawulo ukudambisa imingcipheko kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeke iliso kumilisele lwezenzo zolungiso.

Indibano ezilandelayo zoPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle zamkelwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi yaze yaqukunjelwa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngesi sithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lunike ingqinisekiso ngokwanela, ngokusebenza kakuhle nangokufanelekileyo yolawulo olukhethiweyo:

#### IIndibano zeNgqinisekiso:

- IZigunyaziso zeZikhokhelo zeDPSA
- IiNtlawulo eziKhutshelweyo
- ULwakhiwo lomjelo weSOP
- UkuLawulwa kweKhefu

#### Iindibano zeNgcebiso:

- Ingqinisekiso yokuLunga kokuBekwa kweLiso
- Inkqubo yoLawulo lweNPO

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iya kuqukunjelwa emva kokugqitywa kweNngxelo yoPhicotho-zincwadi.

### ULawulo lwaseNyakeni kunye neNngxelo yaRhoqo ngeNyanga/ngeKota

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iya kuqukunjelwa emva kokugqitywa kweNngxelo yoPhicotho-zincwadi.

### UVavanyo lweNngxelo zeMali

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iya kuqukunjelwa emva kokugqitywa kweNngxelo yoPhicotho-zincwadi.

### Uhambelwano

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iya kuqukunjelwa emva kokugqitywa kweNngxelo yoPhicotho-zincwadi.

**INGcaciso yokuSebenza**

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iya kuqukunjelwa emva kokugqitywa kweNgxelo yoPhicotho-zincwadi.

**INGxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika**

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iya kuqukunjelwa emva kokugqitywa kweNgxelo yoPhicotho-zincwadi.

**Isiphelo**

Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi kulo mba iya kuqukunjelwa emva kokugqitywa kweNgxelo yoPhicotho-zincwadi.



---

Mnu. Ameen Amod

USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi yoBumbano lweNtlalo

ISebe loPhuhliso loLuntu

Umhla: 30 EyoMsintsi 2020

### 13. INgcaciso yokuSebenza koHambelwano lweB-BBEE

Le theyibhile ilandelayo iqukunjelwe ngokunxulumene nokuhambelana kwiimfuno ze-B-BBEE kuMthetho weB-BBEE wama-2013 nanjengoko zimiselwe liSebe loRhwebo namaShishini.

<b>Ingaba iSebe / ICandelo likaRhulumente limilisele nayiphi na iNdlela yokuSebenza elugileyo (Isiqinisekiso seB-BBEE samaNqanaba 1 – 8) ngokuphathelele kokulandelayo:</b>		
<b>INqobo yokuKhetha</b>	<b>Phendula Ewe / Hayi</b>	<b>INgxoxo (Bandakanya ingxoxo kwimpendulo yakho yaye ubonise imiqathango ethatyathiweyo okokuba uhambelane)</b>
